

RARE BOOK CASE

IMBUMBA

YAMA NYAMA

NGU

D. D. T. JABAVU

572
• 9687

JAB

CORY LIBRARY
HISTORICAL RESEARCH

RHODES UNIVERSITY
LIBRARY

CL No. 572.9637 JAB
Acc. No. 200516

BAN 16332

IMBUMBA

YAMA NYAMA

NGU

D. D. T. JABAVU

[SECOND EDITION]

PRINTED BY THE LOVEDALE PRESS
FOR THE PUBLISHER
PROF. D. D. T. JABAVU
1953

RARE BOOK CASE

EXPLANATORY NOTE.

This book comprises Xhosa studies on,

- (a) the subject of the Ntsikana celebrations that are annually observed in the Cape Province ;
- (b) the clan names of the Xhosa people
- (c) praise names associated with those clans ;
- (d) and an account of the Intlangwini tribes found in South Africa.

These studies have occupied me, off and on, upwards of thirty-five years of enquiry, and are here published for the first time with the aim of encouraging researchers to make further investigation on these and kindred topics largely neglected by the present generation.

I wish to thank Dr. R. H. W. Shepherd (of Lovedale) and the Johannesburg Bantu Press for permission to quote and translate his illuminating article on Ntsikana that provides historical substance to the various versions here referred to ; and I wish to thank also Mr. C. A. W. Sigila for allowing me to include here his valuable article on the Fingo celebrations.

1952.

D. D. T. JABAVU.

IMBUMBA YAMANYAMA.

Igama lale ncwadi lalatha izinto ezahlukeneyo, eziphe zakuhlanganiswa zancamathelana zeenza imbumba engenakho ngoku ukwahlulwa-hlulwa. Xa kuhlinzwa inkomo ngabaNtsundu akunyalu ukuba kubekho amasuntwana enyama ajuba kwisitshetsho somsiki nomphaali, awe phaya, apha naphaya; wambi asalele entlonzeni le yesikhumba. Kuthi kwakugqitywa ukusetyenzwa zihlanganiswe ezi zijungqe zenyama, ezibizwa ngokuthi ngamanyama, zibunjwe zibe libumbulu elikhulu lento. Emva kosuku olunye libunjiwe lisuke liqine libe yinyama enye, ekufuneka imela ukuze isikeke, kuba amanyama la akasavumi kwahlukana; sel' eyimbumba edibeneyo. Athi khona ekhe ahlala ada ooma, abe ligagadele elingathi ngumthi okanye yintsimbi. Le nyani inqhinwa yindoda enkulu ekuma86 eminyaka ubudala uJames Ntshona wase-Once, othe kwi*Mvo* yomhla we16 July, 1949, "OkaGaba uNtsikana wathi ze nibe yimbumba yamanyama, ethetha ebuzweni nasebutyalikeni. Azi ukuba umzi uya yazi na imbumba yamanyama? Nathi sayithi t'she bumfiliba, kumaqhaga egwada awayenziwe ngamanyama, uqilima lwento engenakonakala."

Le ncwadi ke ijonge ukufundisa ngokubo-nisa ukuba izinto ebe zahlukene zinokuphu-

thunywa zibunjwe ngokutsha, zijke zibe yinto entsa eyomeleleyo, ibe liqele elingenakho ukwahlulwa. Kungoko isahluko sokuqala (*page 1*) sithetha ngoNtsikana kanye ngokuphathelele kwisikhumbuzo samaXhosa esaziwa ngokuba siiKhumbuzo sikaNtsikana oNgcwelle, onguyena wathi yibani yimbumba yamanyama. Emva kwesti sahluko kulandela isahluko esichaza iziduko zamaXhosa (*page 15*), nesinye esingeziNqulo zezo ziduko (*page 32*), nesinye esichaza imvela-phi yeNtlangwini (*page 58*), nesinye esiyintetho yomNumzana C. A. W. Sigila ngesikhumbuzo samaMfengu (*page 100*).

Siyinikela kuni ke mzi wakowethu le mbali ngentobeko.

1952.

D. D. T. JABAVU.

Kuficeleni lweisibini izinqulo zongzezelwe ekubeni be zingama93 zaba li162 ngesizathu sokuzuza ezitsa ebantwini nokumiswa nge-ndlela entsa kwezinye kwa ngokufundiswa ngasanini-zo.

Ndibulela abahlobo abaninzi abazixhamleyo ngokundibalela besonisa iindawo ezintsa ngokukodwa ibali lamaVundle elizotywe lichule uJ. H. Ngcwabe labalwa nguS. P. Ngculu. Lifanele incwadana eyodwa.

1953.

D. D. T. JABAVU.

ISALATHISO

	ISAHLUKO I.	
UNtsikana	1
	ISAHLUKO II.	
IziDuko ZamaXhosa	15
	ISAHLUKO III.	
IzINqulo	33
	ISAHLUKO IV.	
INtlangwini	58
	ISAHLUKO V.	
IsiHlomelo	97
	ISAHLUKO VI.	
AmaMfengu	100

UDABA LUKANTSIKANA.

Kwisikhumbuzo sikaNtsikana esasingenele eOnce ngomhla wama23 March 1948, ndandingomnye wabanyuelwe ukuwisa iziyalo nokuthetha entlanganisweni yangokuhlwa. Ndandingaqali ukwenje njalo kwesi sikhumbuzo. Kwaba njalo kwesasiseNxaruni (1943); kanti ukuze ndibe lilungu laso ndasingena ngomnyaka we1926 ndiseseDikeni phantsi koNkosi NdaBemfene Maqoma (Uhlwath' olumadolo, Uphunguza nampofu) endandingumphakathi wakhe.

Isizathu sokusingena kukuBa esi sikhumbuzo sivulelekile kuye wonke umntu ovumayo ukulandela imfundiso yomPolofiti uNtsikana. ENxaruni kwada kwaba kho nomLungu osibangayo esi sikhumbuzo, esithi ulilungu laso kanye ngale nxa. Kungaphezulu ke kum ukusibanga kuba ndingumXhosa nozwane ngokuzalelwya egqubeni kwaNtinde eOnce kwaNgqika apho inkaba yam ikhona. Ayiphazamisi nto indawo yomlibo endiphuma kuwo kwaJili, iNtlangwini kaLusiba-lukhulu eSwazini, eMbo. UNtsikana udisanisa abantu bemilibo ngemilibo abathetha intetho enye namhla nje, isiXhosa, nakubeni se iphantse ukulibaleka into yokuba ekhulwini leziduko ezikhoyo emaXhoseni zinganeno kumafumi amabini iziduko zomnombo kaNkosiyanantu, oyena mXhosa wantlandlolo; kuba

ezona zininzi zezezizwe ezangenelela ema-Xhoseni zivela kubaThembu, naßeSuthu, namaGqunuqhwa, naßeMbo (amaMpondonomise, namaMpondo, namaBomvana nento eninzi yemfuduko ephume kumaSwazi, amaBaca, amaXesibe, iNtlangwini, kwa nabenkcthakalo yeMfecane). Kulungile ukuba zaziwe zikhathalelw iimbali zemveli yale minombo, kuba zicacisa ubunye bethu, waye uNtsikana ingoyena usidibana kamnandi.

Thina ke malungu esiKhumbuzo sikaNtsikana yimfanelo nenyhweba yethu ukulazi ibali lakhe. Naalo lilondoloziwe ziincwadi ezinje ngezi : *Indaba* (Incwadi yephepha laseLove-dale, 1880). *Zemk' inkomo Magwalandini*, Rev. W. B. Rubusana 1911 ; *Ibali likaNtsikana*, Rev. J. K. Bokwe, (1914) ; *Isikhumbuzo somPolofiti uNtsikana*, S. E. R. Mqhayi, (1927) *Imibengo*, W. G. Bennie, (1935), aphi kuthetha ooZaze Soga, Noyi Balfour, W. Kobe Ntsikana. *UNtsikana neLizwi likaThixo*, Rev. Burnet W. Ntsikana (1946).

Nje ngokuuba imbali kaNtsikana ekwezi ncwadi iluwangala, kuya kuba kuhle intetho siyimise ngokweziganga ezithathu khona ukuze ilandelege. He ! Esokuqala isiganga siya kuba sesodabu lukaNtsikana ngokwamazwi ekuthiwa aphuma emlonyeni wakhe ; kulandele esesimo nesimilo sakhe ; kugqibele ngeseziqhamo zemisebenzi yakhe.

(a) Malunga nodabu lwakhe ndifumene kunqabile ukuwazuza amazwi entsumayelo yakhe ngokuwa kwabo emlonyeni ; ngenxa

yokuuba ababalisi bakholisa ngokuncoma kakhulu amandla egalelo lokuthetha kwakhe, anqabe wona amazwi. Endiwahlanguleyo naanga :—

1. “ Le nto indingeneyo ithi ma kuthanda-zwe ; le nto ithi thetha ; ma kuguqe yonke into.”
2. “ Guqukani ! guqukani nonke ezonweni.”
3. “ Musani ukukholwa ngamazwi ka-Nxele okuthi wobavusa abafleyo ngelizwi lakhe. Ma nilinge ukuthandaza uThixo ngo-kuba enamandla phezu kokufa.”
4. “ Wafayala abantu bomzi wakhe ukuba bangaqabi imbola, bangayi emdudweni, ba-ngaphimisi, esithi, “ Ma bakhonze uThixo.” “ Nize nithi noko intambo ifakwayo emqaleni wenu nigcine kakhulu iliZwi likaThixo, ni-ngalilahli noko nihlatwy ngentsuntse.”
5. Kubantwana fakhe wathi, “ Nize ni-gcine iliZwi likaThixo, niye kungena esiko-lweni.”
6. “ Imvan’ encinane nguMesiyasi Unyawo zinamanxeb’ okubethelwa Uzandla zinamanxeb’ okubethelwa Eyahlatwy ngentsuntse ecaleni.”
7. Ebethithi ma fakuthi bathandaze ematyholweni, baye kuzithandazel ngokwaabo yakuphuma ityalike. Baqala abantu ukutha-nza ukuthandaza. Inxene ubekhe ayivele xana ithandazayo isithi, “ Undiphe iinkomo, ndibę yinto emzi mkhulu, namakr̄exe amahle.”

WaBaxeleta ukuthi ma Bangathandazeli makjexe ; loo nto sisoono ; ma bathandazele imiphefumlo yaabo, ukuze bathi bakufa baya ezulwini.

8. " Noqonda xana isoono sandayo : kots'haya kutshaye nomntwana omncinane ; ndizibona iintsinga zamaNgiqka ziduda phezu kweNciiba ; Ndiwafona amahlathi ezele ziindlela, nemithi isaqwa amacangci."

9. " Ngaloo mini wamthi hiasi umoya ngo-kwazisa izinto ezizayo. Kwezo zawukhawu, waziselela wathi, " Kuza abantu ongazange ubabone abandlebe zimaholoholo, zimabeke-beke, zinga ziingqotho zesikhumba (ekucaca ukuba ngamaMfengu lawo) abaya kuthi, ukuba anilinyamekelanga eli liZwi, ibe ngabô abaphambili ; ze ningaluchukumisi ke olo hlanga; ma ze ungayithabathi indebe yomcephe kulo ; ukuba akubayekanga baya kukusiya nolwawu. Luyeza uhlanga olumhlophe, olunwele zingcaka zifana nobulembu fombona, isizwe esilumkileyo esinwele zinga bulunga ; siza sineqhosha elingenamlomo ; ma ze ningalamkeli iqhosha, liya kukhukulisa uninzi ; eyesibini into abaya kuza batethe ngayo liliZwi lika-Thixo ; ze nilamkele, Ngqika ! Ukuba akulamkelanga eli liZwi, eli lizwe liya kuzala ziindlela zeenqwelo neendlwana ezimhlotsha-na, lidliwe yimihlambi yeegusa (iinqwelo neegusa zazingaziwa ngoko). Ukuba nilamkele iqhosha eli, niya kuphambana unyana noyise, umfazi nendoda, intombi nonina." Ukuphulaphulwa kwaloo ntetho kwakungasekuko

nako, wada wayeka. Yayisingiswa ke enkosi-ni xana ibekiswayo, nangani kufo bonke. Kwakhe kwathi cwaka umzuzu, yand' ukubulela inkosi isithi, " Ndiya bulela mnta' kabawo mfo kaGaba ; andisemntu usunyayezwa ludab'a. Umzi wakowethu uchithwe lelaa gezana likaBalala (uNxele) elithe uza kuba ziinkuni neembovane." UNtsikana ukumleleza utha, " Akukho nto iya kuba njalo ; uNxele uya balahla abantu."

10. Ngenye imini uya fika uNgqika kwa nephakathi. Emva kwembedeso wamthi hiasi umoya wokwaziselela, wathi, " Ndibona iintloko zamaNgqika zidliwa ziimbuzane ; kuza imfazwe kwithafa lamaLinde." UNgqika ebeyiva intetho kaNtsikana imoyise yena ngo-kwakhe, kodwa amaphakathi ebengayikhathalele, esithi le nto ibangele ujudo kumaLawu !

11. Wathi ukuyala abantu bomzi wakhe, " Ma ze nibe yimbumba enje ngeyamanyama, niye esikolweni."

12. Ngalo mhla wabuba watetha kakhulu ngezinto zikaThixo, wathi, " Ndiya goduka, ndiya kuBawo ; nize nigcine kakhulu iliZwi likaThixo, nithi noko ifakwayo intambo emqaleni wenu niligcine ningalilahli nibamble-lele nide nifele emithethweni yakhe uThixo."

13. Amaculo akhe afunyanwa encwadini ethi, *AmaCulo aseLovedale* (J. K. Bokwe) nakuleya kaBurnet W. Ntsikana ese siyikhan-kanyile.(i) Eyokuqala, " Intsimbi kaNtsikana " yingoma abeyimemeza kwa kusasa ngoms' obomvu esenza intsimbi yokuqokelela ibandla

elibizela emthandazweni emi emnyango wendlu yakhe elilisela ngezwi elikhulu lengoma. (Ngethamsanqa le ngoma kwenzekile ivunywe ngamawaka amahlau eLovedale ephethwe ngumbali lo ngehambelo yeKumkani yase-England ngomGqibelo 1 March 1947, apho ithe yathandwa kunene yiKumkanikazi isithi isandi sayo sicacile ukuba yingoma ephuma esifubeni seAfrika ; ayifani nanto ezingomeni eziqheleke phesey) ; (ii) Eyesibini ngu-Dalibom,” (iii) eyesithathu liculo “Elingkuva ;” (iv) eyesine yeyona yaziwa lilizwe lonke elithetha isiXhosa, “UloThixo Mkhulu Ngosezulwini.”

14. Kambe kuthiwa waziselela nangololi-we esithi phantsi kwentaba kaNdoda koza kubaleke inqwelo yomlilo ezihambelo iyodwa ingatsalwa nto. Esi siprofeto andisifumananga ndawo kwiincwadi endizifundileyo, phofu si-khankanya kakhulu ngomlomo emaXhoseni endazalelwu kuwo. He !

(b) *Imo nesiMilo sikaNtsikana.*

UMakhaphela Balfour, umKwayi, uthi “ Ndiya mazi uNtsikana, umfo kaGaba, wa-kwaQhankqolo, kwaNyembezana emaCijeni. WayengumNgqika wenene, ihomba lenene ebe lifanelwa yiminweba yalo yeenkunzi zodwa izingwe ezi, ingubo asumayela ambethe yona. Ndimazi xa asentsumayelweni yakhe, namati-letile obenzeleleli, kuba ngumfo obengempro-feti nje, kodwa nomfundisi ; be kusemhlotsheni

ukuBa ukwangumenzeleleli phakathi kwabantu noThixo. Be kulula oku kubantu aba-ngamaXhosa ababeqhele amatola namagogc. UNtsikana lo ube nefuthe elikhulu lokwenza abamlandelayo babuve ubukhulu nokuba ku-fuphi kukaThixo ; asumayele lo mfo ngoThixo atsho bave, boyisakale ukuthi kanti be besoona uThixo nangezi zoono kuhleliwe nje ! Enkonzweni xa asumayelayo uhleli ngasezantsi ngasemnyango, indlu izele tu ngabantu, amadoda nabafazi. Umnumzana utsho ngomnwe-ba wakhe weenkunzi zezingwe, le ngubo inkulu iwugquma kakhulu umzimba womni-niwo, ogcinwe ukungakhe uvele kuye apha. Intsayelelo ibiqala ngeculo “ Ulongub’ enkulu esiyambatha thina.” Uya kuthi akungena kulo umhobé lo mfo kuthiwe re ukuhlala endlwini apha ngabakhedamele iZwi lika-Thixo ; ithi yakumakela indlu angene asumayele le nto imhlileyo, ithiyene nesoono, abachazele ubooni bafo entlalweni yemihla ngemihla, esalatha izinto ezikubo azithiyileyo uThixo. Wosumayela umfo kaGaba kude kuphunyelwe phandle ngokuxinana kuba kuze nowaphi ukuza kuphulaphula le “ nto,” atsho balile abantu, iinyembezi ziakuqe nje ngo-msinga ziphuma kwabahleli entla endlwini zibethe ziwunqumle umbundu weziko. Yabe ilixesa ebe singafunwa kakade isoono nenyala emaXhoseni, ababesithi ababanjwe ekukrexen-zeni babulawe ngokuxhonywa emthini, badli-we ziinchuka bejinga apha , loo ndoda naloo mfazi. UNtsikana ubemchaza umntu ongu-

Dafeti amenze oyena nozala wamakholwa. Ewe, walithumela iliZwi likaThixo ngezithu-nywa kuHintsa, nakubaThembu kwaNgube-nchuka, nəkwaGqunukhwebe. Kukuze u-Hintsa alinine ngokuthi, "Lifanel' amaMfe-ngu la."

UJacob Mnkhuma Noyi uthi, "UNtsikana wayesisikhulu emaCireni. Ingubo yakhe ibisenziwa komkhulu ngofele lwengwe. Lo mfo wayesisithethi ; wabe asuke aleseje ekha-ngele engubeni yakhe yezingwe. Ebengalali ; kuuphela ebesithi nwaa ebusuku, abantu belele nje kuuphela uya thandaza.

Ngalinye uNtsikana wayelawulwa nguMoya kaThixo, ngohlobo olunqabileyo nakwawona makholwa aphambili ngezi mini. Kucacile ukuba wayesazana noMoya oyiNgcwele, xa siphawula oku kuthandaza kungaka, neentsu-mayelo ezichana iintliziyo, singathethi nge-ngoma yakhe, ekuthiwa ubesakuviwa futhi ebusula iculo ngasebuhlanti.

Unqhinwa macala onke ukuba isimilo sakhe safe sesimsulwa esonweni. Ulifanele ngaloo nto igama lokuba yiNgcwele.

Wayekhaliphile, ekhuthele, eyingoqwane yesinxofanxosa ; tu usuvila. Umzimba wawu-gcina ucocekile ; wayihlamba imbola akunge-nwa liliZwi likaThixo, walawula nokuba inzala yakhe iphume emboleni ingene emfundweni.

(c) *Iziqhamo zeNtumayelo yakhe*.

Isiqhamo esiphambili sentsumayelo ka-Ntsikana bhubungcwele besiqu sakhe okuno-kwakhe, obathi basulela abanye abantu bafe-nza bawasingisela phezulu amehlo nesimilo ezulwini. Wangenisa kumaXhosa umgang-a-tho omtsha ophezulu wentlalo engenamphithi yobuggoboka benyaniso. Le nto iyintliziyo ezinikele kuThixo yaqala yabonwa ngaye u-Ntsikana, waza waba ngumzekelo ekujongwa kuwo kanye ngokwembo yenyoka kaMosisi ephilisa abalunye zezinye iinyoka ; okanye ngokwentetho yenKosi uYesu kuYohane 12 : 32, apho athi, "Mna ke, ukuba ndithe ndaphakanyiswa emhlabenzi, ndiya kubatsalela bonke kum." Okunene uNtsikana waBatsalela kuThixo bonke abavumayo ukungena eliZwi-ni, kwangena amagqoboka amaninzi, amanye kuwo esiwazi nangamagama kwinzala yawo ekhoyo kwaXhosa. Naanga, Noyi (Balfour), Matshaya, Mbi, Thamo, Xuba, Koti, Matshikwe (uyise waBafundisi abadumileyo ooNdo-ngo ePirie, noPetwell eKapa), Kobe, Dukwa-na, Festile Soga namanye amaSoga asema-JwaRenzi la aziwa ngokuthi ngawomzi kaKhon-wana (khona ukuze iculo likaNtsikana libe nomgca othi "Lo mzi kaKhonwana siwubizi-le," apho kutyede abasicileli ngokusuka ba-thi "Lo mzi wakhona na siwubizile"), Suthu, Phalaza, Hoga, Xelewa, Gwexana, Mazalenzi, Peyi, Liginye, Mtyobile, Nginya, Velem, Qalaka, nooKraziya noNkunkuthi iinto zika-Phose kwaGanya kuGaga eDikeni.

NguNtsikana ingqalo yetyalike yamaГаrabe
igama elasunqulwa ngamaLawu laba yiГаbe.

Amabandla awasekwa nguNtsikana naango
eBofolo, nakuMankazana eDikeni ; nase-
Somerset East kuNojoli, naseBurnshill e-
mKhubiso ngaseXesi ; naseOnce naseNce-
meja, naseMgwali naseTranskei.

Siya yeka ke apha ngala manqaku ango-
Ntsikana nodabа lwakhe, nesimilo sakhe,
neziqhamo ezidandalazileyo zentsebenzo yakhe.
Ngamana wonke umntu oNtsundu womZantsi
Afrika wafunda lutho kule mbali, ekuphuma
kuyo isiseko sesiKhumbuzo sikaNtsikana.

Kwiphepha *Imvo ZabaNtsundu* lomhla
18/3/50 uDr. R. H. W. Shepherd ubale inqaku
elifundisayo ngoNtsikana elithi :—

Kubantu basemaXhoseni akukho mntu
uhlonoleke ngaphezulu kunoNtsikana umpo-
lofti.

IziKhumbuzo ezibizwa ngegama lakhe
iminyaka ngeminyaka ziya yinqhina le nyani.
Egameni lakhe se kunamathele amabali ama-
ninzi, amanye aziintsomi, amanye ehla enike
lwa izizukulwana ngezizukulwana ; kanti noko
ikho imbali ephathekayo nengenakuphikiswa.

Inxalenye yebali lakhe ifunyanwa ezincwa-
dini ezintathu ezasicilelwа zapapašwa phakathi
kweminyaka elisumi emva kokufa kwakhe.
Umfundisi wokuqala weliZwi likaThixo owa-
kha waangummi kunye nosapho lwakhe pha-
kathi kwabantu abaNtsundu beAfrika yo-
mZantsi-Mpumalanga nguRev. Joseph
Williams (Veldyam) webandla eliyiLondon

Missionary Society. Waseka isikolo seliZwi
ngakumlambo weKatala (Kat River) malunga
neemayile ezine ngecala lomNtla-Ntsonalanga
kweFort Beaufort. UVeldyam lo wasebenza
iminyaka yaamibini kuuphela (1816-1818) wa-
fa edanile entliziyweni. Ulandelwe nguRev.
John Brownlee (uBuluneli) owathi ngeyeSili-
mela 1820 wema endaweni eyayenziwe isikolo
sasemaphandleni nguVeldyam. Le ndawo
yayiliTyhume okanye iGwali ukwaziwa kwayo
ingekude emzini kaNtsikana.

UNtsikana wabuba kwiinyanga ezimbalwa
emva kokuza kukaBuluneli. Ebala ngomhla
wesithathu kweyeThupha 1822 eTyhume
Mission Station uBuluneli wathi :

“ Enye yezinto ekhuthaze ngamandla ama-
khulu ukuqhutywa kweliZwi likaThixo kweli
lizwe, yintsikelelo ebonakele ilandela imigudu
yomfi uVeldyam kungekuko kuuphela eba-
ntwini besikolo esi kodwa nakwaabo fangama-
hamba-nandlela abefehhlala bahlale bayivelele
le ndawo. Ndiya kukunika umzekelo ube
mnye, naangu :— Kukho umzi othile obantu
famalunga nekhulu abe seqhele ukuhlangana
fanqule kusasa nangokuhlwa gqolo nango-
mhla weSabatha okoko wabubayo uVeldyam
kuze ekungeneni kwam kwelasemaXhoseni,
isithuba eso esiphantse ukuba yiminyaka emi-
bini. Kumalunga neminyaka emibini eswele-
kile umntu oyintloko yalo mzi, umntu lowo
owathi wayila ingoma ngolwimi lwabo, ingo-
ma esaculwayo nangoku xa kuthandazwa ku-
Thixo. Ngosuku lokufa kwakhe (ekucacileyo

ukuba wayeluqonda ngokupheleleyo) nakubeni wayenakho ukuyiqhuba inkonzo, wathetha ngokomntu oselwagcibeni lwephakade, ezixela ukuba yena uzinikele ngokuzolileyo entandweni kaThixo esithi ukholose ngokuzithobileyo ngenceba yaKhe. Wayebonakala ethabattheke ngokunzulu lusindiso lwabantu bakowabo, ebathandaza aabo bangqongene naye okokuba ma bajongane nokona kufa koyikekayo kunukuyilahla ingqoboko."

Le ncwadi ingentla ibalwe nguBuluneli ipapaswe ngomnyaka we1823 kwingxelo ye Glasgow Missionary Society.

Ingxelo yabaFundisi.

Ezimbalini zelizwe laseSouth Africa zimbawwa iincwadi ezise nempembelelo edlulayo kwekaDr. John Philip ebizwa ngegama elithi *Researches in South Africa* eyapapaswa ngomnyaka we1828.

Emqulwini wesibini wale ncwadi kumaphepha 186-8 usiba lukaDr. Philip lubale ngoNtsikana le ngxelo : " Phakathi kwabantu abancedwa kunene yintsebenzo kaVeldyam unkosi uNtsikana ufanelwe yingqalelo etsoli-leyo kwesi sithuba. Akubanga thuba linga ngeenyanga ezimbalwa eswelekile umfundisi wakhe naye wasweleka. Ekuguleni kwakhe kokugqibela, ingqondo kaNtsikana yaphakanayiselwa l'e phezu kwehlabathi lithembala ntsikelelo engapheliyo. Uthe akuziva ukuba iiintsuku zakhe se zisongwa wawuqhuba aka-wuyeka umgudu wokuchazela abamngqongi-

leyo ngethemba lasebuKrestwini ngalo lonke ilixa esenakho ukuthetha, ebayaleza ukuba ma bakholelwwe kuKrestu, bakhumathele kubafundi si nakwinkolo ekubanjelelwwe kuyo yinxalenyne yabo ethe yancama lukhulu ekuzinikeleni kuyo. UNtsikana wafa efela phakathi kwa-bantu bakowabo ngendlela yobuKrestu benyaniso, wawunikela umphefumlo wakhe ezandlensi zaloo Msindisi awayekhululwe nguYe emkhwaza esithi, ' Yiza, nKosi Yesu, yiza kamsinya ; ndiwunikela ezandleni zakho umphefumlo wam ; ngowakho kuba wawukhulula ngegazi.'

" UNtsikana lo wayeyimbongi kwa nje ngo-kuba wayengumKrestu. Nakubeni engakwazi kufunda nakubala, wayila amaculo, emana ukuphinda-phinda ukuwaculela amawaabo, ada anamathele ezinkumbulweni zafo."

Apha ke uDr. Shepherd uzekelisa isiphiwo sikaNtsikana sokubonga ngokucwangcisa ingoma yakhe " Ulo Thixo mkhulu ungose-zulwini " alandelise ngesiNgesi sayo esitolikwe nguBuluneli.

Ngomnyaka we 1827 kufike eTyhume uRev. William Chalmers othe ebala apho ngomhla we5/1/28 wabalisa wathi : " Ngale ntsasa umzalwana Thomson nam sihambe iimayile ezili15 ngamahasi sisiya ku sumayela iliZwi likaThixo kubantu abangeziyo ukuza kuphula-phula ngalo apha esikolweni Okunene baphula-phule ngenyameko enkulu ba-thembisa ukuza kuliva eTyhume.

Kwenzekile kufe kho ngenye imini umfana zoalwa yintloko yomzi lowo eyabé isweleke kuminyaka embalwa edluleyo, indoda leyo eyangenisa ngumfi uVeldyam ekuyazini inyaniso; yaye ingumKrestu wenene iphile ubom obunyaniseke ngokupheleleyo oko yathi yagqoboka. Iyenzile nenzame yokuluqeje-
la ekumoyikeni uThixo usapho lwayo kwa nabantu abayingqongileyo.'

Le ncwadi ipapaswe yiEdinburgh Religious Tract Society encwadini egama liyi*Scottish Missionary and Philanthropic Register* 1828 kuphepha 477.

UNtsikana lo ke akanelanga kuba ngumntu wasezintsomini kodwa ngumntu ocacileyo embalini.

Zontathu ezi ncwadi kucatshulwe kuzo entla apha zigciniwe eLovedale kanye ngohlobo ezaqala zaſicilelwaa zaalulo nakubeni ngoku kuyiminyaka eli 120 ladlulayo elo lixa.

N.B.—Incwadi yokuqhutywa kwenkonzo yesiKhumbuzo sikaNtsikana ifunyanwa koo President : Rev. J. A. Calata, St. James Miss., P.O. Cradock. Secretary : J. T. Arosi, B.A., Box, 46, P.O. Cala. Treasurer : N. B. Zondeki. P.O. Peelton.

IZIDUKO ZAMAXHOSA.

Iziduko.

Inkcazeloo yentsingiselo yale nto isisiduko ifunyanwa ngesiXhosa encwadini kaHenry Masila Ndawo, *Iziduko zamaHlubi*. Le ncwadi iluncedo olukhulu ngezizathu ezithathu. (a) Iincwadi zesiNgesi (ze“ Social Anthropology ”) zicacisa ubusanzi bomsebenzi owenziwa ziziduko (*clans*) ezizweni zonke zehlabathi, kodwa azicacisi kuya phi ngezakwaNtu. Le kaNdawo iya zenzelelela. (b) Kwezi zamaHlubi uvelise iziduko zawo ezikumasumi amahlau anantlanu, efakela nezibongo zawo, nje ngombali oyazi kakuhle into athetha ngayo. Kaloku wayethabathe inkxamleko enkulu neadleko ebanzi esiqwini sakhe ukuyiqokelela nokuyifeza le ndaba yamaHlubi kwisithuba seminyaka emininzi, ade walisiya ihlabathi (1948) esawuqulunqa lo msebenzi, eqqibe nezinye iincwadi ezingekasifilewa. (c) Inguvuli-ndlela obonisa ubungxaka-ngxaka bomsebenzi olindele amatsha-ntliziyo aya kuthi ayibone imfuneko yempando (*research*) nokulondolozela izizukulwana ezizayo iimbali zazo ezsengozini yokulibaleka xa bephelile abazaziyo, abasaphilileyo ngoku. He !

Le ncwadi kaNdawo ivuselela ukuba kuvele abanye ababali abaya kuqokelela iziduko zaba-

Thembu, nezamaZulu, nezamaXhosa (nje ngoko kulingiwe apha), nezamaBele, namaZizi, namaMpondo, njalo njalo.

Ikakhulu iziduko ziqalela ezinkosini, neenkosana ezaye zithandwa ngabalandeli bazo, nakwiinkabi zamaleqe, nakumagor  n maqha ji awayengamafa-nankosi, namaphakathi awayebalulekile. Enye into edala ubuninzi beziduko bu buninzi babantu bomnombo wenkosi enye, nje ngamaHlubi la ekubonakala ukuba ewodwa wona aya siphutha-phutha isigidi, xa siquka onke aseNatala naseluSuthu naseKoloni. NamaZizi anjalo ukuba maninzi eluSuthu naseNatal. Kwakhona ubuninzi beziduko buvela kubangeneleli bezinye izizwe, bengena bevela emacaleni ngezizathu zokuzekelana kweenkosi, kwa nokufikelwa ngabachithakali abavela kude, kwa nokumiswa kwezithaanga ezitsha zobukhosи obudalwa ngamabutho oonyana beenkosi. Ubunyaniso bale nto bu-nqhinwa ngumzekelo omhle wesizwe esineziduko ezininzi, isizwe samaXhosa, esisesona ndisiqondayo nje ngoko ndazalelwа kuso, ndaye ndingenandawo yimbi ndinokuyibanga ngaphandle kobiXhosa. Nalapha kumaXhosa kuphawuleka ukuba ezona ziduko zininzi zeziphuma ebaThenjini, ngesizathu sokuba isiko leenkosi zamaXhosa kukuzekekwa amakhosazana aabaThembu, athi ke wona asiwe emizini yawo ephelekezelelwа ziziyunguma zoduli, aze amadoda olo duli asuke anyibilik  athandane neenzwakazi zamaXhosa, *“ngab  sagoduka*. Kwa khona phakathi *kwamaXhosa*

zinanzi iziduko ezingenelele ngabantu benkci-thakalo abadudulwa entla ziimfazwe zemfecane kaMatiwane, baza bangena baangama-Xhosa kuHintsa eGcuwa, bamkelwa nje ngabantwana bakaHintsa. Kwa khona emva koPhalo amaGarabe awasiya amaGcaleka awela iNciba, aya kumisa izithaanga ezitsha zobukhosи bamaPhalo ngelo cala, kwaza ngeso sizathu kwadaleka into eninzi yeziduko ezitsha eziphuma kwiinkosi ngeenkosi, neenkosana, nemilambo ekuthe kwamiwa kuyo, neenka i zamaleqe zezo nkosi. He !

Umbali owenze isiqalo esincomekayo sokulanda iziduko zakwaXhosa nokuzimisa ngendlela yemveli yazo ezincwadini zakhe (*Xhosa Life and Customs ; South Eastern Bantu*) nguJohn Henderson Soga. Ngosizi olukhulu wasweleka (1932) esawuqala lo msebenzi, esathe xhaxhe ngeziduko ezimasumi mathathu. Ndithe ndakuphawula ukuba lo msebenzi wakhe ume esithubeni ndazimisela ukuwu-qhubela phambili ndaya kufikelela kwiziduko ezilikhulu, ndisenzela ukuba kubе kho umsekelo wento enokufundwa kwiziduko nokuma kwazo nokudaleka kwazo. Inyathelo lokuqala kukuqondisisa amagama eenkosi. Maninzi kakhulu ; kodwa apha siya kwenza nje amab  engwe :— Ummombo wamaXhosa ukususela kwingotya uXhosa naangu : uXhosa (owayesidla ubom malunga nomnyaka we-1535) uzala uMalangana (owayelawula ngowe-1560), ozala uNkosiyamtu (owayelawula 1585) uyise

wamadoda amathathu uCiṛa, noJwaṛa, noTshawe (owayelawula 1610) ozala uNgcwangu (1635), ozala uSikhomo (1660), ozala uTogu (1685), ozala uNgconde (1690), ozala uTshiwo (1690) ozala uPhalo (1700) uvise wamadoda amafini uGcaleka noGaṛabé ababesidla ubom malunga nowe1786. Ke iinkosi ezalandela uGcaleka ngooKhawuta, Hintsā, Saṛili, Sigcawu, Gwebinkumbi, Ngangomhlaba, noZwelidumile. Ezalandela emva koGaṛabé ngooMlawu, noNdlambe ; nguNgqika nomDusane ; nguSandile noSiwani ; nguGonya noMenziwa, njalo njalo kweli lethu ixesa. Enye into ehle iqondakale ngamagama athile aqala avakale ngexesa lenkosi ethile. Naangu umzekelo : ngethuba likaCiṛa kuvakala amaKhwemnta noQhankqolo. Khangela ezincwadini zika J. H. Soga apho onke la magama amiswe kemandi ngokwemilibo yawo ; ngexesa likaJwaṛa kuvakala awooKhetṣhe, Kwayi, Dange, Hleke, Ntinde, Gando ; kanti ngoTshiwo kuvakala ooGqunuqhwa, Gwali, Tiso, Langa, Nqeno, Stokhwe, Zazini, Tshayelo ; kuze ngo Gcaleka kuvakale ooVelelo, Mbede, Tsonyana, Zangw'a, Wangu, Mbalu ; ukuze ngoGaṛabé kuvakale ooToyise, Gasela, Mqhayi, Jingqi Ngcangatelo, njalo njalo, amanye ingamagama eenkomo zamaleqe amanye ingaweenkosana. Zithanda ukukhothela apho ke iziduko. EmaXhoseni iziduko zomlibo woqobo kaXhosa (ooMalangana noNkosiyamntu) esisekweni zimbalwa, kanti xa zidibene nezamaXhosa angabangeneleli ziwelile ekhulwini. Indlela

entle kukuzidwelisa ngokudaleka kwazo kwa nangokungenelela kwezinye izizwe.

Mithandathu iminombo yeziduko zama-Xhosa.

I. Owokuqala umnombo ngowesiseko satlandlolo :—

1. AmaCiṛa
2. AmaJwaṛa
3. AmaTshawe
4. AmaKhwemnta
5. AmaQwambi
6. AmaNtinde
7. AmaGwali
8. AmaHleke
9. ImiDange
10. AmaKwayi
11. AmaNtakwenda
12. AmaNzothwa
13. AmaNkabane
14. AmaMbalu
15. AmaMpandla
16. AmaCete.

II. Owesibini umnombo uphuma ku Tshiwo inzala kaXhosa :

17. AmaNqaṛwane (Korana)
18. IsiThathu
19. AmaGiqwā (Giqo, Griqua)
20. AmaGqwaṣu (AmaGoṛa)
21. AmaLawu
22. AmaSukwini

- 23. AmaChwama
- 24. AmaYeka
- 25. AmaLentyi.

III. Owesithathu umnombo ngowama-Gcaleka inzala kaPhalo :

- 26. AmaVelelo
- 27. ImiTshayelo
- 28. ITsonyana
- 29. AmaMbede
- 30. ImiWangu

IV. Umnombo wesine ngowamaGaſabe kwa inzala kaPhalo yaseKunene :

- 31. AmaNgqika
- 32. AmaNdlambe
- 33. ImiDusane
- 34. AmaMbombo
- 35. AmaGwelane
- 36. ImiNgcangatelo
- 37. AmaJingqi
- 38. AmaToyise (AmaGasela)
- 39. AmaNywaſe
- 40. ImiNgqalasi
- 41. AmaNtsusa
- 42. UloZala

Iphela apha ke inzala kaXhosa. Ngoku kulandela abangeneleli.

V. Iziduko eziphuma ebaThenjini zezi :

- 43. AmaGcina
- 44. AmaNtande
- 45. AmaZima

- 46. AmaNgxongo
- 47. AmaNyangala
- 48. AmaZotſho (a)
- 49. AmaHegeba
- 50. AmaTipha
- 51. AmaThunzi
- 52. AmaQocwa
- 53. AmaNdlane
- 54. AmaNcotſho
- 55. AmaMaya
- 56. AmaNyele
- 57. AmaTſhonyane
- 58. UloDala
- 59. AmaNtlotſhane
- 60. AmaMpemvu
- 61. AmaNdungwana
- 62. AmaVala
- 63. AmaNqaſe
- 64. AmaQoma

VI. Phantsi kwalo mnombo wesithanda-thu sifumana iindidi ezintandathu zeziduko zabantu baseMbo, oko kukuthi abantu abayi-nzala kaDlamini-waNkqanji (Dlamini I).

- (i) Abaphuma kubēSuthu naſeTſhwana :
- 65. AmaMvulane (BaPolana)
- 66. AmaMfene (BaTſoeneng)
- 67. AmaVundle (BaMeutla, BaFokeng)
- 68. AfaKhumbeni (BaGopane)
- 69. AmaNdlovu (BaTloung)
- 70. AmaZ'angw'e (BaTsakoe)
- 71. AmaNgqosini (BaFokeng, BaKwena)
- 72. AmaNtſilife (BaSia)

- (ii) Абархума kumaMpondonise :
 - 73. AmaNgwevu (AmaGudulu)
 - 74. AmaCweja
 - 75. AmaMpinga
 - 76. AmaXesibe (AmaKhuma)
 - 77. AmaNdila
 - 78. AmaMpehle
 - 79. OoNonzaBa
 - 80. AmaKhomazi-Qhinebe
 - 81. AmaGqunu
 - 82. AmaNgxabane
 - 83. AmaQadi
 - 84. AmaNxasana
 - 85. AmaZotsho (b)

- (iii) Абархума kumaMpondo :
 - 86. AmaNtlane
 - 87. AmaZlangw'a
 - 88. AmaBamba (AmaZotsho (c) Kuma-Ngutyan)

- (iv) Абархума kumaБomvana :
 - 89. AmaTshezi

- (v) 90. AmaNgwane (isizwe saseMbo esa-ngelela emaXhoseni ngeemfazwe zobusuliso, " imfecane. ")

- (vi) Абемфудуко yokuphuma eNatal (*migration*), bezihambela bengamfungazanga.
 - 91. AmaHlubi
 - 92. AmaZizi
 - 93. AmaBele
 - 94. AmaTolo
 - 95. AбакваMemela

- 96. AmaBaca
- 97. INtlangwini
- 98. AbeSuthu namaChi namaXolo
- 99. AbaThembu baseQhudeni
- 100. AmaNgwe
- 101. AmaZotsho (d)

(vii) AmaMfengu ngabenkcithakalo yemfencane kaMatiwane (*Dispersion Refugees*) na-beziduko ezifanayo nezi zingentla ukuthathela kumaHlubi (91) kuse kumaZotsho (d) (101) koko bona badudulwa yimfazwe bachi-thakala baza kuwa kuKumkani uHintsa besithi baya mfenguza (oko kukuthi baba-ngazekile). UHintsa wabamkela wabakhushela wabafaka phakathi kwabantu bakhe baza ngeso senzo baba sisiduko esitsha samaXhosa ngokwesiko lakwaNtu kwathiwa ngama-Mfengu.

Naazo ke iziduko eziphambili zamaXhosa akumNeno-Nciba (Ciskei). Sithi eziphambili kuba igama ngalinye kweli khulu kunokwenzeka libe limumethe ezinye. Encwadini ka H. M. Ndawo amaHlubi aneziduko ezima55, i6e iNtlangwini ineziduko ezima23 ebalini endilenzileyo kwa kule ncwadi. Oko kukuthi kula masal' engwe ndizama ukuSukumisa abantu abaninzi okokuba savuke bazalise izikhewu. He !

Ngoku siza kuphawula amanqaku malunga namagama athile kula akhankanyiweyo ngenbla.

(a) Kukho amagama eziduko afanayo ko-dwa engawemilibo eyahlukeneyo, nje ngala :
(i) AmaJwaṛa akuloSongcangcaše nawakwa-Sobekwa nakooPenyane Khathithi. (ii) Ama-Mfene akho awakwaHlathi kanti eNgqujwa kukho nawakwaMalukazi, namanye angawa-kwaDlelanga ; (iii) AmaVundle ngala ange-ntla (67), kanti kukho awasemaHlubini encwadini kaNdawo ; (iv) AmaM'aya akuba-Thembu (55) nakumaHlubi ; (v) AmaNdaba akumaHlubi nabaThembu nakumaZizi ; (vi) AmaGasela ngawakumaToyise kumaNgqika nakwaMvemve eMbo ; (vii) AmaTshezi akumaBomvana nakumaZizi ; (viii) Ama-Zotsho maninzi kuba kukho awakwaNjiyela ; nawasemaMpundweni kumaNgutuya eMbi-zana naseDutyini kuThangana ingotya yama-Bamba akwaNgqika ; kukho awakwaNtambo ; kukho awakwaNxasana nabakwaMhlophe noNtunzela kumaMpondonise ; kukho abakumaYalo ; kukho abakwaCekwane koo-Tshutsha ; kukho abakooDeyi ; awodwa awakoomaNci kuTabankulu. Wathi kum uPeter Mjali awodwa amaZotsho angabe-Suthu, namaChi kuMagoba noTaBu, nama-Xolo kaMbuisa, nemiTlhwanе emi kumlambo umThamvuna kunye namaNtsangase ang,e-ngawo maBele koko ingabeSuthu ; laye eli gama lobuZotsho lisusela ekubeni aaba bantu babezizotsha (beziphotha) iinwele beyi xwesa ukuyinqumla ingqithi. Ma kubе kungezi zizathu athi uMqhayi amaZotsho la-luhlanga olumanya zonke izizwe xa ebalisa

ngoNompumza kwi “ *Tyala lamaWele* ; ” (ix) AmaNdlovu naango kubēSuthu nakumaZizi, (x) AmaNxasana afunyanwa kumaMpondo-mise nakumaMfengu ; (xi) AmaNcele akumaMpondo nakwiNtlangwini ; (xii) ooTshabangu bakumaHlubi nakumaNgwane ; (xiii) AbakwaKhasibe bakumaBaca nakumaHlubi ; (xiv) ULanga uvakala kumaHlubi nakuma-Bele nakumaMbali. (xv) ooTshabalala ngama-Swazi kanti bakho nasemaHlubini. He !

(b) UJames Mafuna, umBamba, uthi amaBamba la alizuza igama lawo malunga ngelixa likaNgconde, ngokuthi ubukhosи bamaXhosa, okuya inkosi yayisakwayiwe, buba-njiswe umphakathi onyulwa kumaNgutuya asemaMpundweni kankosi uThangana owayemi ngaseLusikisiki, nonzala yakhe iselapho nanamhla. Naango amanye eDutyini nase-Mbizana.

(c) Kwa khona uJames Mafuna uthi imi-Wangu le kwaGcaleka yiNtlangwini yakudala, enamaJili, eyangenelela kumaXhosa kwa sesi-sekweni.

(d) AmaNtlane emaMpundweni emi ngakuTabankulu nangaseLibode. NgamaMpndo omthonyama. Kaloku nditsho kuba ndifumene emaninzi amaMpondo angenelele-yo evela kwezinye izizwe. Ma ndithi maninzi apha emaXhoseni amaMpondo endiwabuzile-yo umlibo wemvela-phi yawo, kodwa inkoliso ndifumene ingakwazi ukuzilanda, isuke iphele-le ekuthini “ singamaMpondo kaNyawuza,”

into ke leyo efana nokuthi "singamaXhosa kaTshiwo," ingafundisi nto mntwini. Zithathu iziduko zamaMpondo endizifumene zicacile phakathi kwethu maNgqika omNeno-Nciba, zezi zamaZangwa, namaNtlane namaBamba. AmaZangwa kaKhwalo maninzi eMfundisweni nakuTabankulu. UJohn Tile waseXesi uthe kum (1949) kukho apha kwa-Ngqika kumNeno-Nciba amaMpondo azibiza ngokuthi angamaMpondo kaNyawuza kodwa eyinzala yamaDladla namaNgwane nama-Gudulu (Pondomise) kanye kula oyiswayo kukuzilanda xa ebuzwa.

(e) AmaCweja kaSiyoyo naango emi ku-Ntabankulu emaMpundweni aphi ndawabona khona (1927) kusibonda uMdondolo. Uthi uJ. Q. Mathole waseKapa amaCweja la ayinanza yamaMpondonise evela kuNjanya, abe uCweja lo esalekelwa ngamawele uMpinga noXesife.

(f) UJames Nakase umGqunukhwebe uthi amaGaJaabe awayengamachule okuphaala imiqgwetho yezikhumba athe akuyiwela iNciba alifumana ilizwe limiwe ngabaThwa nama-Lawu angamachule okusuka izintsu neemfele zeempungutye, yaza le nto yenza imvisiswano enkuIu namaXhosa, khon' ukuze xa omnye wafo ebuzwa ukuba ungubanu na, aphendule ngesiBulu ngokuthi, "Ek es Sukwini," ethetha ukuthi ndingumsuki weemfele ; lavela aphi ke eli gama lobuSukwini, kodwa lajika lanikwa bonke abantu bakwaLawu bakoNjamboMvu,

Sandlal'incha, neentaba zavo uHoho noNdoda. Encwadini kaG. Theal ("Ethnography and Conditions of South Africa") kuthiwa abona bantu bomdaBu (*aborigines*) beAfrika ukususe-la kwiiPygmies zaseKongo kuhle kuye ezantsi, ngabaThwa. AmaLawu wona yinzala yama-Somali amelene neAbyssinia ; ngabantu abade ngesithomo nabakhanyayo kakhulu ngombala. Bafuduka eSomaliland malunga 1000 B.C. bajikeleza umntla womlambo iKongo, banxusa unxweme IweNtsonalanga yeAfrika behla be-jonge ezantsi bemsisa amanxowa ngamanxowa la namhla nje aziwa ngokuBa zizizwe zama-Damara, Herero, Griqua, Korana, Ovambo, Nama (Hottentots) malunga nechweba le-Gqili, bazekelana nabaThwa (Bushmen) besiyya amagama anje ngooGamka, Xesi, Gamtusi, Qumfa emva kokupota ngaseKapa bonyathela eGeorge nakwiintaba zeOuteniqua ada angena eBofolo naseKatala eMpofu naseNciba sel' ezekelana namaAfrika amnyama avelisa ama-Afrika akhanyayo ngalo mphithi wawo (kuba kakade uhlanga lakwaNtu lona lumnyama suze xa lungaphithikezwanga nabaThwa nama Lawu nabeLungu).

UJuly Nakase uthi amaGiwa kuhlangenwe nawo ngasePrieska eGqili (avane ke nengxelo kaTheal) aleke ngokuthi uLawu noSukwini noChwama noGqwasu, noYeka ngamadoda alekelanayo, alekelwa yintombi uLentyi ; u-Khwane ngumNqarwane, isiThathu ngama-Lawu amathathu uChisana noNdebe noKhopoyi.

Incwadi ka Dr. W. E. B. du Bois, *The World of Africa* (1947) iya lisekela eli bali lemfunduko yamaLawu (Hottentots) ephuma ngase Abyssinia (Ethiopia) 1000 B.C.

(g) Kukho iziduko ezivela kumagama ee-nkabi zoleqo. Endizifumeneyo ezincwadini zooT. B. Soga noW. B. Rubusana zezi : Jingqi (inkabi kaMaqoma) ; Nxhwala (eka-Phatho nomJadu ekaKama emaGqunukhweni) ; Gwelane (ekaNtimbo, mhlawumbi ekaAnta) ; Ntande (kubaThembu) ; Mbombo (ekaNgqika) ; Ngcangatelo (ekaTyhali, mhlawumbi ekaMlawu) ; Mbede noLozala (ku-Sandile), njalo, njalo.

(h) Izizwe ezibizwa ngobuMfengu zisisiduko esitsha emaXhoseni esiqale ngeentloni kubantu abathe boyiswa bahlazeka yinkcithakal. Kaloku emhlabeni wonke ayikho into elihlazo elidlula elokoyiswa emfazweni, ukanti noko emva kwexesa libuye lilityalwe eli hlazo, kubonwe abantu se besuye baba newonga. Ngoko ke esi siduko sobuMfengu sinokuthi ekugqibeleni sibuye sibe nesidima xa abantu baso besiphakamisa ngezenzo nesimilo sabo, nje ngoko sibona kunjalo kumaBulu anamhla kweli lizwe emva kokoyiswa ngamaNgesi (1899-1902). Aya lawula ngoku, eneengqangula ezinje ngooGeneral Smuts, Dr. Malan noHofmeyr. Kube njalo nakumaWelsh e-England awaqala ngokuba yintlekisa emva kokoyiswa ezweni lawo (Wales) kusithiwa "ngabasemzini" (*foreigners*), kodwa aggibela ngokuhloneleka mhla avelisa iinjojeli ezi-

ngooSir Alfred Jones, noPremier David Lloyd George. NamaNgesi, kudala, ayedeliwe ngamaRoma (55 B.C.) enyeliswa, kusithiwa "ngamaqaba-mbola akwada (*barbarians*) aqaba imizimba ngomthoba oluhlaza (*woad*) ehamba ngokubusa ze" akuba oyisiwe ngu-Khesare (Caesar). Kodwa namhla ongamele ihlabathi. UbuMfengu ke buza kuya buhambuluka ngokuthi ekubeni iligama elikhumbuza iinkxwaleko ekwakuthutyelezwa phantsi kwazo ziinkambunca ezitya udaka nencha bajike abantu balo bazibalule ngemissebenzi emihle yokwaakha nokuphakamisa uluntu oluNtsundu.

(i) Iziduko ezi zibonisa ukuba isizwe endalen phaya phambi kokufika kwabeLungu yinto eyayikhula yande kunene, ikhula ngokongezelela abantu abavela kwezinye iintlobo zezizwe. Ukufika kwabeLungu kuyinqumamisile loo nto ngokuthi umhlabu usikelwe imida, ubiyelwe ngeengcingo, kuthinteleke ukufuduka kwabantu nokugxumeka amath'anga amatsha ngokuthanda. Zikholisa kunene iziduko ukulandela amagama eenkosana ezi-thandwayo, nje ngoGwali, Ntinde, Mbalu, Mdange, Gqunukhwebe (Gqunuqhwa), Hintsabe, Lang, Jikija.

(j) EzamaMpondo iziduko athi uS. S. Mda zezemveli yakudala zezi : AmaBala, AmaNdayini, AmaNtlane, AmaNyawuza, AmaSame, AmaGingqi, AmaGangatha, amathahle, AmaKhonjwayo nemiqhwane. Ezinye (ezingenelele mva) zezi : AmaCetshe,

AmaHeleni, AmaKhwetshube, AmaNci, AmaMpisi, AbéTshwawu, AmaNikwe, AmaJali, AmaNdela, AmaNgutyan, AmaNtsangase, AmaNtunzele, AmaNqanda, AmaTjhani, AmaNjiyela (Mbili), AmaMolo, IziLangwe, AmaGxařa (athi uMdā ma kubē ngawo la abalwe ngegama elithi AmaNxarabé, AmaGranxabé encwadini kaVan Warmelo), AmaḠamza, AmaNgcwangule, AmaKhanayayo, AmaKhwalo (Zangw'a), AmaCele, (Ntlangwini) AmaNyathi, AmaLunga, AmaNdovelane, AmaCweřa, namaNcumane. Zingqindilili ezi zizwe, kuba kulo lonke elase Koloni (Cape Province) ngamaMpondo abona bantu baninzi (400,000). Encwadini kaVictor Poto yebali lamaMpondo uludwe lomlibo (*genealogy*) weenkosi ukususela ntlandlolo kuze kule yethu imihla lumiswe ngolu hlobo : Dlemini I, Luswazi, Njanya, Mpondonimise (noMpondo iwele), Sihula, Santsabé, Mkhondwane (Ntlane), Sukude, Hlambango-Bubende, Ziqelekazi, Hlamandana, Tobe, Msiza, Ncindise, Cabe, Gangatha, Bola, Chithwayo, Ndayini, Thahle, Nyawuza, Ngqungquše, Faku othi azale abantu ababini (i) uMqikela (ozala uSigcawu uyise kaMafelane); (ii) noNdamase (uyise kaNkqwiliso ozala uBokleni uyise kaPoto).

(k) Kwiziduko zabeThembu sibe sise si-khankanye ama21 kwezikhoyo kumNeno-Nciba. Phaya ebaThenjini kukho nezi : AmaHala, AmaJumba, AmaQwathi, Ama-Qhiya, AmaDlomo, AmaTshatshu namaQhina.

Uthi uR. H. Godlo (umNdungwane) uNxeko uzala uNdungwane izibulc noHlanga, noDlomo noBaliso, ukuze uhlanga (indlu enkulu) azale uBacela noSangoni abe uDlomo yena ezala uNtande.

(l) EzeNtlangwini iziduko esizifumeneyo zezi : AbakwaBāse, abakweCele AbakwaCesi, OoCobeni, AmaCunu, AmaDlamini-Mdlovu, AmaGengese kooNgcume, AbakwaJaca (ababizwa ngokuthi Sjaca), AmaJili (akulombalilo), ooLuthuli, ooMakhatshini, ooMaseya, ooMbanjwa (Same), ooNgungwini, ooNguta, ooNomagaga kaMpumalanga, ooPhephethini, AmaQam (Lukhozi), AmaFawule (kooGogela), ooSosibo, ooTshabane (ooTshabangu) oo-Tshoba, ooNgxabi (kooMafu nooNdukwana), ooYeni nooNzelo—25 bebonke.

(m) Iziduko zabeTshwana zifundisa intogenxa yokuba zisekeke phezu kwezinto eznqulwayo (*totems*) esezilityelwe sithi, ngaphandle kweempawana ezimbawla ezinje ngezo sizibona kumaNgqosini, wona athi xa egula kakhulu asiwe emlanjeni ukuze ancedwe ngumntu womlambo esizibeni esingucihoše. Kunjalo nakumaHlubi akwaMlambo. Ngomnyaka we1922 uP. M. J. Sidzumo eseFrancistown (Bechuanaland) waqokelela wandithumela iziduko zabeTshwana, endibonisa ukuthi zisekelwe phezu kwezinqulo (*totems*) ezizinyamakazi nezinye izinto ezinqulwayo. Kwi-zithelekelelo zakhe wayesithi ezinye zazo zayamene kanobom nemvela-phi yeziduko ezi-thile zasemaXhoseni, watsho ezidwelisa.

Siya dlula ke apha siye komnye umcimbi okwanzulu osafuna ukuphandwa, umcimbi wezinqulo.

IZINQULO.

Incwadi kaN. J. van Warmelo (*A preliminary Survey of the Bantu Tribes of South Africa*) idwelisa amagama eenkosi nezibonda nabanye abantu abakhulu, ize ilandelise ngamagama aabo ithi ukuwabiza zizi "thakazelo." Izithakazelo ke ligama laseNtla elayamene nesiduko, koko lisetyenziswa xa kubulelwayo into ngovuyo kuba ukuthakazela kukuvuya: NgesiSwazi sisi "nanatelo." Liveliswa xa kunconya wa umntu othe weenza isisa nokuba sisenso sobukhalipha; livakale maxa wambi ngomhla wogayi, nezizathu ezinje ngemigido, nemigidi, nomtshato, nemiyeyezelu yoduli xa kusendiswa, mhlawumbi xa kunconya iciko elithethe ngobuchule obubalaseleyo. Ligama eliquka nentsingiselo esingayibiza ngokuthi sisibizo, sisibuliso, sisibongo, sisincome-lo, sisikhahlelo, sisiqhulo (kuba ngamanye amaxesa alithethi nto imnandi; likhe libe yinto yokubangela umsindo ukuhlupheza umntu ukuze akhaliphe), njalo njalo, kanti ke elona liqhelekileyo ilizwi esiXhoseni sisinqulo. Nencwadi kaEllenberger ("The Basuto") inoncedo apha.

Ukuze zilandeleke kamnandi ezi zinqulo siya kuziqala kumXhosa wokuqala uCira sihle nazo ngokomqululu Iowa ukwisahluko esandulelayo. Kwa lapha kuza kucaca into yokuba zininzi ezi siyekileyo iziduko ezithe azaba

nazo izinqulo zazo. Isizathu soko kukuba zifumaneka nzima. Abanye abantu, ngokukodwa amadoda, abazazi nokuzazi. Abona bazaziyo ngabantu basetyhini, kodwa basuke baba neentloni xa ndisfacela, ukanti ngabona basicengceleza ngokwengoma mhla fionwabileyo emitshatweni. Phofu ke ezi ndizifumeneyo, ngomsebenzi onzima weminyaka emininzi, ziya kuvuselela ukuba bathande ukuzithumela kum aabo baqondileyo ukuba azikho ezabo. Naazi ke :—

1. Cira, Qhankqolo, Ncibane, Mhlantl-endlovu, Nyembezana, Ntswentswe, Mhlomladala lineempondo, Butsolo-bentonga.
2. Jwaṛa, Mazaleni, Songcangcase, Ntingana, Dolo-limdaka, Butsolo-bentonga.
3. Tshawe, Gwali, Maßandla-kaNtuli, kaNtafa, kaMkhomb' ubembesile.
4. (b) Tshawe, Hleke, Monde, Vazi, Mntluntsa, Mlawu, Ḧarabe.
5. Kwayi, Jama, Gando-weentsaḥa, No-belethile, kaNtſuntſihamb'isimba, kaMntwan' enkosi waliwa yintombi, kaUkawuqabéle ni na umthoba umhle kade nje ? Gciniswa, Phazima, Ngconde, Togu, Butsolo-bentonga.
6. Khwemnta, Gqabaza, Dabane, Sigadi, Meka, Mhlantla, Bulana.
7. Qwambi, Mqwakangqwa, Ntsiza, Ngonyama, Mpumlwenkulu, Buja, Qwangqwa, Malilelwā yintombi ithi ndizeke andinamama, andinatata, Masimelela ngentonga ebutheləzini.

8. Ntakwenda, Letha, Libela, Khwangeſe, Nkomo zimnyama, Dloboyi, Mbityana, Misilandela, Gquſ'equbeni, Ngcuwa, Sukul'izembe.

9. Nkabane, Majeke, Ndltunṣa, Noqazo, Buqa, Mayeye, Ntsinga, Mthi-wempotyi, Mfaz'obele-nye, Maßandla angalal'endleleni, Khalimanzana.

10. Mpandla, Tshay'ingwe (oku kukuthi beth' ingwe), Mbona, Khiphi, Mz'i, Tyetha, Thungwana, Dl'umvubo, Šoſa, Ndlebe-zibomvu.

11. Nzothwa, Nyelenzi, Siguda, Maphang'a, Nxhala, Mlungwana, Ḧebēbe.

12. Cete, Chizama, Ngcoko, Nkenceza, Buřuma.

13. Nywaše, Gatyeni, Ndondela, Mamali, Msengana.

AMAGQUNUKHWEBE.

14. Nqařwane, Hintsafe, Phampe, Geje, Ziduli, Hlař'ilawu.

15. Sithathu, Chisana, Ndebe, Khophoyi, Hase, Malawana, Sitsumō.

16. Giqwa, Jikijwa, Mvaša, Gxalaba, Nkosana, Ntoyosana, Sidalwa, Jingqi, Ntsinga-kaKhwaza.

17. Gqwaſu, MaGora kaManzini, Yabase, maGqwaſu amnyama neenkomō zawo, Nkomo zeNxele, zikaKhamlana, zikaNohibane, zikaNuse, ooXhel' ithanga, Maßandla-kaSiyaphi.

18. Lawu, Sukwini, Mthwa, Sandla'inchā, Njambomvu, Gqirafe, Vetboyi, Qwe-

lane, Dibase. (Iziqhulo zabo zithi Nkomo zikaChwama, Sonka nguburoto, Nyama ngufleyisi, Zembe libewula, Mela ngunayisu, Trongo yivenkile, Ngqongqo yikatara, Mvabu yam yiketile, Mnqayi wam linqindi, Nqindi lam yintloko, Bokhwe yamasiko nguskolpati elwandle, ndingutiki ayivumani napokoto).

АБАТНЕМБУ.

19. Gcina, Xhamela, Nokwindla, Heluse, Ncamase, Madevu, Mzondi, Ngece, Gadluma Gebul'ukhula, Malamba aye endle aye kudl' inyama yenjamakazi.
20. Ntande, Dlomo, Sopitsho, Yemyem, Madiba, Ngqolomsila, Ndab'enyamakazi.
21. Mzima, Cedume, Bomoyi, Sesegu, Timare, Njanya, Ntongakazi, Sikhonkwane, Phembu.
22. Ngxongo, Ntsundu, Bomoyi, Mgudi, Zondwa, Dlomo, Sopitsho, Zondwa-ziintsaba, ooChul'ukunyathela.
23. Nyangala, Ntsundu, Msuthu, Themb' omaqatha alukhuni.
24. Hegeba, Ngofe, Ndala, Duduma-nge-lizulu, Ngub'enchuka.
25. Tipha, Bayeni, Yiwa, Manzi-made, Ngqakazyi.
26. Qocwa, Zikhali-mazembe, Mabombo, Tiyeka, Jojo, Bizana, Xhwayimpi, Mkhont'-ubomvu, Tshangelanga.
27. Ndungwana, Diya, Gungu, Khono, Bejula, Qhwefa, Ndaqana.

28. Vala, Yongose, Sikhaka, Mnqay'ulamobile, Qwathi, MaVal'amhlophe.

29. Qwathi, Dikela, Noni, Noqaz'indlela, Abadl'inkowane sangayihlanzi kodwa bayihlanz' ockafile, Ntsasel'emnyama yaseCefane.

30. Nqabe, Beda, Mpulana, Mbof'ingafyo, Sihlahla sesundu sisikwa sihluma, Mthana ontsingalalana.

31. Qema, Nzal' omthwakazi, Sinkqo, Nyohela, Songwela, Theng'ubuthi ngethokazi, Ngub'enchuka.

32. Nyele, Nono, kaDoyi, Mbathana, Nuse, Gxubana, Mbokothwe.

33. Ndlane, Tutuse, Ntlokwana, Njingwa, Nyenge, Hay'amaNdlane ngokuhla'enkundleni ecela ubusonda.

34. Ncotsho, Ndala, Momani, Msila-wedid'umbu kwesamathole, Mnange, Gcayiya, Simbiwa.

35. Thunzi, Ngombolo, Ntibane, Ntsufi, Nyuhukwana, Homba.

36. Tshonyane, Dikiza, Sawa, Hila, Jatya, Nkomombini, Hoboti, Cafu.

37. Yifa, Nkomo zikaZiyeka, Mzondi, Sampu, Ntlabu.

38. M'aya, Ntande, Nxego, Bomoyi, Sopitsho, Magwa.

39. Njiyela (Zotsho), Dlalazana, Swami, Bisangqotho, Sibenya.

40. D'ala, Mganu, Zwetsha, Somatshitshilili, Dlambudlambu, Njilonjilo, Mqal'unga-ngenduku, Mbil'omnyama umlomo, Hasa likaCetshu noMbakasa liya fudisa.

41. Mpemu, Jali, Ngayimbo, Nomadolo, Oyi, Mzayiya, Siyelwayo.
 41a. Ntlotshana, Gwadele, Mjatya, Nqeno, Inch'emhlophe, Thembu.

AESUTHU.

42. Mfene, Hlathi, Lise, Sananza, Jambase, Nonobe, Zantsi, Magwentfu. (Amanye amaMfene ngawakwaZaba 85a, nawakwa-Malukazi 86b).
 43. Mvulana, Ncilase, Msuthu, B'aayi, Khetshe, Mvulinayo, Maṛula, Nchamšolo, Mev'amhlophe, Silo simnyama sicand'isiziba.
 44. Ngqosini, Gaña, Ndoko, Lalase, Cihoje, Titiba, Mjobi, Milwa, Nozinga, Mntuwomlambo, Msuthu, uMfweſwe.
 45. Ntsilibe, Banqo, Ndiza, Mdumane, Boñese, Mgabiñi, Ntsontso, Fubu, Ndizanampofu.
 46. Vundle, Suthu, B'aayi, Khetshe, Gwaca, Gobozi, Mchamšolo, Mev'amhlophe, Zembe lokugawul'ubulawu baseluSuthu, Inyok' emnyam' eyavel' eGqili umlambo ongawelwayo ngeenyawo.
 47. Z'angw'e, Nginata, Chaya, Junata, Ntelela, Sijaku.

KUMAMPONDOMISE.

48. Majola, Jol'inkomo, Qengeba, Mthwakazi, Phahlo, Phankomo, Mbanjeni, Mzukulwana wenkwakhwa.
 49. Dosini, Nqabase, Teketekana, Nkomozifomvu.
 50. Mngwevu, Zulu, Mhlatyana, Sikho-

mo, Tshangisa, Sinuka, Bodl'invama, kaSogoni, Lamlankunzi, Lal'eqhingeni, Vinyama, Tudulu.

51. Cweja, Gxaña, Siyoyo, Mahlahlana, Vambana, Phothwana.

52. Mpinga, Senzwa, Mbala, Thathane, Ntoyomntana, Gxabagxaba, Mawawa-kaBolo-koqose, Deb'aliwelwa, Ntſobodi, Nyantsu.

53. (a) Xesibe, Khuma, Mbathana, Gxatuma, Matjhaya, Phalo kaNxele, Nonzaba, Bimbi, Belesi, Masin' eyibeka nje ngomntwana.

54. (b) Xesibe, Khuma, Mganu, Mayaba, Diwohlanga, Ntswayibana, Sinama, Mjoli, Jojo.

55. (c) Xesibe, Mthwa, Nonzaba, Sabela-wabizwa.

56. Ggqunu, Ntsomi, Nqalane.

57. Mpehle, Cabatše, Nyawo-zibomvu, Dikana, Ntilo, Denjiwo.

58. Khomazi, Qhinebe, Gqugqugqu, Haha, Zithonga-zithathu, Nkomo zikaLunjwa, zikaNtsaba, Dukanamahlathi.

59. Qadi, Ngcwina, Mphankomo, Dosini, Ngwenya

60. (a) Nxasana, (Zotsho), Mkhwa, Yoyo, Bili, Nkomo zikaGazi-tyeketye umbon' otha-ndwa ngabantwana.

61. (b) Nxasana (Zotsho), Dunjana, Mhlahlele, Ngcanjiyana, Ntlokwana zinobulawu.

62. Gcaga, Madluña, Ndongane, Gqokase, Mthand'ukuhamba nje ngelanga lona lingatshoyo ukuba likhe lahamva ngephezelolo.

63. Nqana, Ngqwala kaNgqukazi, Sicamba, Nomakhungela, Mdanda, Nyongama, Zihlobo zikaGcaga, zikaNchuse.

64. (a) Ngxabane, Ngcina, Tisela, Boti, Ncokazi, Tyotshana, Ntamo inemida nje ngenkunzi.

65. (b) Ngxabane, Yokazi, Ngwanya, Majola, Njobonde, Marolisa, Bantwana bo-mThwakazi.

AMAMPONDO.

66. Nyawuza, Thahle, Dakhile, Ntwanante, Faku, Ngqungquse, Ndayini, Ziqliekazi.

67. Ntlane, HlambangoSubende ndayek' amanz' ekho, Mkhondwane, Mfusana, Ndeendela, Gxididi, Nqabane, Dingi, Madikizela, Nkomo zikaNqabale, zikaPhaphani, zikaVuledlini, ooMakhaful' inyama k'rwada.

68. (a) Zangw'a, Khwalo, Mlanjana, Ncuthu, Nanto, Nyikila, Qetse, Hobese, Msebe, Mqhaqhao-wentlanjana.

69. (b) Zangw'a, Khwalo, Mlanjana, Neuthu, Mphako, Hasana, Mahlutha, Chongwa-ziiintsaBa.

70. Bamba (Zotjho), K'riila, Thangana, Bodlinja, Hayeni, Dzana, Mabandl'akuloYono, ooFithi, ooMcefane.

KUMABOMVANA.

71. Tshezi, Jalamba, Kita, Ngqungquse. (Kukho namaTshezi asemaZizini 80).

KUMAZIZI.

72. Lamyeni, Ngxiib'enoboya, Mtatela, Ntuli, Cubungulase, Nomana, Gumbi lama-gwala libokoboko, Lunika, kwaNdab'ithethwa iintsukuntsuku.

73. Jama, Sijadu, Ngxiib'enoboya, Sikhalo soTenya, Zijekula-kubi zathi thu ngaseMpfana oThukela.

74. Jama, Sijadu, Mafuy'ezifayo, Nkomo zikaMlangeni, Mabandla kaNzila, Bantwana bo-mSuthukazi osisuba siseqolo.

75. Sikhalo, Mabandla kaMhlan'utjhile, Mr'awu, Lucalutela, Telembe, Tengqwa, Xuza, Sidul'esintusi kwezimdaka, kaNdlebe tamvundla.

76. Lange, Zitha, Ndankathi, Phangel' ilanga, Nkomo zesilo sikaLokothwayo.

77. ENDlovini, kaNezi, kaMbokati, Qwadi'e, Siphuma-mpondo-nde zenxala, Nkomo zooNokondlo kaBalise, kaZengw'eqob' igijima.

78. Zibula, Ntlwane, Mvungamzi, Mesabiso, Siganyela.

79. MaSugu, Qeketa, Nongojo, Ngcanda, Sithinta, Siphika, Manxela, Ndlu kaVananci noMdiniswa.

80. (a) Tshezi, Tenza, Mkhabelia, Saliwa, Madzana, Nomlolo, Fodo.

81. (b) Tshezi, Tenza, Citshana, Tshabeza, Fakade, Mkhont'ubomvu, ooSaliwe.

82. Limako, Zweme, Ngcebetsha, Matetelelane, Zila ngengcola, Malilelwaziintombi, Nkomo zikaGusawolundi, zenkunzana ehla'

ingekabuzi, ooZilamkhonto, amadel'ukufa kaNgwekazi, abantatyana ende enokumba nokuphulula, mani na la anga ngabayeni yen'i?

83. Mancoba, Zijekula zalakulandelwa, Bencel'eluhlangeni.

84. Mkhonjwa, oncokati, Mazazana ase-Ncenjane kwaMlaba, kwaZikhundlwani' zibomvana.

85. (a) Mfene, Zaba, Dlelanga, Vumisa, Vinjwa, Mandwafik'eluhlangeni.

86. (b) Mfene, Malukazi, Mwandla, Ntlamkhozi, Zaba, Nandwafika.

87. Ndlangi'a, Thole, Mfingo, Mcaca, Mandeluhlwini, Lwandl'aluwelwa kuba luwelwa ziinkonjane ezimaphiko made, Mpundese.

88. Goqolo, Mabengu, Thanana, Moya, Ntsintsi, Mjoli.

89. Dlangathi, Ngwe-nduna, Ntsazini.

90. Miya, Gewanini, Sibewu, Saliwa-ku-landela, Fengqua, Ngxongxo, Ngoma, Zimb'elimnyama elingadliwa ziintaka.

KUMAHLUBI.

91. Bungane, Mbutho yakuloTabizolo, Mavovokaz' akoNtsiza, kwaNkom'azaphusi zisengwa ubusika nehlobo.

92. Ekunene ngooMabandla kaMatotelo, Gobis'umlandakazi, Sotitibala, Gob'ingwe nengonyama, maGaheb' amahle andleb'entle zombini.

93. MaGeledwane, Mafandla kaZulu, ka-Mafwabada, Mafuy'afulele, Nchwaiba wakati,

Masiya kulilwa, Ngatshi, maGelele akoMlibose.

94. Mlambo, Binitha, Sidlalela, Goceni, Mngwe, Ncwabane, Mlamb' awuwelwa.

95. Nkala, Vumisa evumile, Modlomo, Mpandane, Ngwenya, Thiyané, Mathundela, Mbizana yafa kuší yabekis' amangongwana phezulu.

96. Msimanga, Mthwa weziduli, Nonkosi, Songo, Nothaibizolo, Nomboya, MaSwabada, Nyathi, Nodlomo, Nokhuko luhlanganisa indlu yeoDlomo nabaThwa.

97. Xaba, Mjoli, Linda, Zibindi, Nonxas' uya khathala, Mlotya, Nombombo zinde, MaSwabadel' inkomo neempondo zayo.

98. Skosana, Msi-kaMhlanga, Novaphi, Ntuthwana, Mhlanga.

99. Dontsa, Nonkungu-lende, Vezi, Nodluhiaibathi, Tshembe, Mntungwa.

100. Tadebe, Ntsele, Dlomo, Sibuswan' aśinangubo, Masiyi.

101. Mbongwe, Mbuyisa, Sondise, Ndima, Mv'emnyama, Mathofela, Sidwaiba, Nkom'enkuu yakwaZulu.

102. Mpangela, MaJosana, Magwala, Gwadzi, Dlomo, Msicakazi, Mvinjwa.

103. Ndlovu, Sjiyana, Malunga, Mlandu, Mntungwa, Gengezi, Ndlovu zidl'ekhaya ngokuswel'umalusi.

104. Nkwali, Nkhwanantsi, Lusu, Nkwal'enkosi, Vinjwa, Mhlophe, Bukula.

105. Nkomo, Ntungwa, Malunga, YiBase, Mpundwana zincinci zinga zingangiwa.

106. Nala, Mpembe, Ngquma, Ndokose, Nozijakadele, Zibekuza zakoNzima.

107. Ntambo (Zotsho), Sjiyane, Ntethe, Ngubonde, Cefelekhoza.

108. Dladla, Dlakadla, Magagasa, Dumel' enkungwini, Incinin'ende bayibek' entsunguzini.

109. Mazibuko, maNgwe akwaMlambo, imiDletye, iSigusudu esingafakwa mkhala kuba singawudabula, maNgwekazi amhlan' usbanzana ngob'a-belethe uBungane.

110. Zengele, Zulu, Thiyane, Linda, Dloyi, Makhala, Mahlangabeza, Nkomonde, Sigolane.

KUMABELE.

111. Lenge, Mbikazi, Khokhozela, Noqabulo, Maßandla esibene sentombi kaMlotya.

112. Lutshaba, Junta, Memu, Nomathotholo, Maßuy'akañalwa, Maßandl'engwe nkulu kaGuluñulu.

113. Qunta, Dubel'udaka, Ntanda-kuphakanyiswa, Ziçelekazi, Langa.

114. Khuboni, Langa, Mafu, Tshikose, Ndabezitha, Wena wakwaMbandeni.

115. Bikane, Mkhawu, Mafu, Sikhubane umthi ophungwa ngoñisi.

116. Dongo, Nyathi, Vezi, Mbuyisa, Ntsangase angawutyiyo umbilini wenkomo koko atya owenyamakazi, Langa.

117. (a) Jwara, Bele, Langa, Makhathithi, Sobekwa, Penyase, Mnangwe.

118. (b) Jwara, Mayaña, Sjiyana, Khathithi, Mnangwe, Mkhoswa, Sihlanz'esit'ha sidlel' umlotywa, Lwandle aluwelwa.

119. Madifa, Nyathi, Dladlamba, Mlimandlela, Mthiyane, Abantsimb'emnyama edal' amakhosi, Mwelase, kaNkom'enala kaTanana.

120. Zondi, Langa, Ntsangase, Nombikazi, Ndlwan' emhlophe yakwaNtsele, Ntanda-kuphakanyiswa, Abangadli mñilini wenkomo badle owenyamazane.

AMATOLO

121. (a) Tolo, Dlangamandla (ukudla kukoyisa), Zulu, Mgwenyankomo, Mchenge, Mfingo, Cutshwa.

122. (b) Tolo, Dlangamandla, Zulu, Mgwenyankomo, Hlombe, Hlalukana, Mbenngula, Mkhomaz' awuwelwa uwelwa ziinkojane ezimaphiko made.

123. (c) Tolo, Dlangamandla, Gaxaza, boZwali, amajuba-ntlantsi angokhelwa nomlilo, adla ingcaka, imbobela, indlu enamaphela.

AMAZOTΣHO.

124. Cekwane, Tshutsha (Pondomise), Tshotsi, Gadl'uma, Ziduli, Mhlanga, Ntamide, Mnqay'ulambile, Nondonga zadilika.

125. Deyi, Macana, Cebisa, Msawwu, iinto ezingakwazi ukuthetha ezsuka ziswawuze xa zithethayo.

126. Gema, Gengesi, Sango libek'eMbo ebuNguni.

127. Ntozakhe, Dlamba, Nyathi, Lusiba.

128. Yalo, Mbotho, Tshikila, Mtolwana, Mqwaqwazi, Fulela-kwanetha, Mazawu, Ntsindane.

Ewonke amaZotsho ngama 21 esiwafume-neyo. Izinquo ese zidwelisiwe zaho (39 ; 60 ; 61 ; 70 ; 107) zingentla ; xa zidibene nezi (124 ; 125 ; 126 ; 127 ; 128) kusala i sumi elinanye esingekazifumani : AmaChi, ooMagoba, ooMhlophe, amaNtunzela, abeSuthu, AmaNci, AmaNgutyan, amaNtsangase, ooTaBu, imi-Thwane namaXolo.

KWEZINYE IZIZWE.

KumaXhosa aphuma kwezinye izizwe eza-zinobukhosи obungqindilili mandulo ngala :

129. (a) Ngwane, Hlongwana, Faluhle, Masumpa, Masengw'asileke esangweni, Ma-swabada, Thang'aduna lenkosi.

130. (b) Ngwane, Hlongwana, Faluhle, Nalovu, Matu, Masengw'esileka iinkomo zina-ntsikel' emseleni ngokuswel' umalusi.

131. Tshabangu, Gwadi, Sobuza, Fulela nje ngenkosi, Sigejane sona sihluma ehlotheyeni nasebusika.

132. Swazi, Tshabalala, Sobuza, Mtsgengu, Mavuso, Swalala, Mhlangamvula, Malunga, Nyam'ekati, Sil'amaz' alubelu sakusela phi na? Ndungunya, Ludonga, Donga ludilikile.

133. Ndlela, Swazi, Nyam'enja, Mtambosse, Nongobe, Nyathikazi, Ludonga dili ka kade sinatha emaxhaphuzini (*kade sidada emigxobozweni).

134. Khumalo, Mntungwa, Disandlela, Sichaba, Mdletye, Masobana, Mzilikazi, Malunguz' iindonga and' ukusela.

135. Duma, Mthombeli, Mpafana-wolwandle, woThukela, Ngongolozi, Sungubenza, Sakabula, Senzangakhona. (UMthombeli ngumthi omila kufuphi nolwandle eNtla, wa-hlukile kuMthombeni).

136. (a) Nguni, Kheswa, Mpafana, Thukela, Mchumane, Luvuno, Buthelezi, Bant' abahlanjwe ngobulembu, ababuhle bufana nokwindla, ooNodukhwe zesilika.

137. (b) Nguni, Khesa, Nozulu, Mpafana, Thukela, HluB'emaqanda nje ngelanga.

138. (c) Nguni Mpafane, beNguni nibahle nje ngokuza kokwindla, Mchumane, Thukela, Ndingafung' uNozulu ndingumlandiakazi.

139. Qhudeni, Mpafane, Mwelase, Thukela, Mvenyane, Di'amathibsan' indlal' iwile, Makhonz' agoduke.

140. (a) Wuse, Gamede, Mangele, Man-kana, Mangweni, Nkungwini, Mjoli.

141. (b) Wuse, Hlathi, Mjoli, Mbongwa, Qubulase, Notshenge, Nokhokhoba, kaPhathwa, kaLugungu, kaLaswati, kaNdlinenze, kaBekwa, kaNtw'encinane ngokuswel' int'enkulu.

142. (c) Wuse, Jali, Tsheleza, Khambule, Ququlese, Mbombela, Mlotya, Nomlahla, Sjiyane.

143. (a) Baca, Biyase, Vumela, Chiya, Biyana, Mjoli, Magala-madonga kwavel'

indlela, Sakuba wolwandle, Sidudu somfaba sadik' abayeni (umfaba lizimba).

144. (b) Baca, Khasibe, Nondomba, Nomgaba, Dibandlela, Makhayedwa.

145. Ndaba, Mntungwa, Badela, Nomanngcengce, Tshubase, Tshubanja, Nonunu.

146. (a) Suthu, Maduna, Sjiyana, Gubevu, Sibanya, Nokhala, Nokhal' uv' inyama, oo-Lobola ngezigadala kant' abanye balobola ngezineempondo.

147. (b) Suthu, Memela, Gambu, Ngwekazi, Mondisa, Bolontwini, Khondlo, Msizi, Sikhukhuni.

148. (c) Suthu, Newana, Mahlazi, Thole lenkombo, Gayini, Suba segus' emnyama.

149 (d) Suthu, Nzaba, Tekelatule, Mancofa, Gasa, Ngajuse, Majozzi, Mqhamo, Fawuza, Jolwako, beSuthu abanesisuba base-Tsonyana.

150. Izinqulo zezindlu zeNtlangwini zifumaneka nzima nakumbali lo ongowomlibo wavo. Yonke iNtlangwini kunye namaKhuze izalwa nguDlamini II wakuloMdlovu kuLusibalukhulu. Akazalani mpela namaZizi ka-Dlamini I wankqangi. Endizifumeneyo zidweliswa ngolu hloso :—

(a) Cobeni, Mthunzi, Nontsaba, Gema, Sosibo, Mtshingila, Nzuleka.

151 (b) Dlamini Mdlovu, Noziga, Nomfakali, Mphaphama, Sibalukhulu.

152. (c) Gengeje, Phoswa, Phinda, Mengewa, Sibalukhulu.

153. (d) Jili, Singawothi, Masengwa, Qagazi, Gabadzela, Mandeluhlwini.

154. (e) Jili, Malukohlulwa, Vilakazi, Magqagqangana kaNonkosi.

155. (f) Jili, Mengcwa, Mkhndl'omnyama wakuloTiba, Makhatha, Sibalukhulu lunga ngolwendwe, Magaduzele okhulele emphunzini.

156. (g) Nombewu, Fodo, Amafonel' emphunzini, Magaduzele, Sibalukhulu.

157. (h) Mbanjwa, Gebane, Maifi, Funafulele, Makhatshini.

158. (i) Mbanjwa, Gebane, Thikaza, Mavuso, Mpethwane.

159. (j) Nguta, Maifi, Mwelase, Masiyane, Dlangahluthi, Wena wakwaSithole, wakwaMvulana.

160. (k) Ngxabi, Ngubo, Vumela, Ngajuse, Dlungwana, Ngub'endlovu, Sotomela.

161. (l) Yeni, Tshubane, Zondi, Mgabaza, Gebe, JuBasi, Ntlangwini eyehla ngesirutu.

162. Ngoku kuza kuficilelwu ndiqubisene nenkosikazi ethi iyiMfengukazi yakwaMakowan, Mathumbu, Masulelo, Sokhela, Magididi, Mafan'avele, Ntlongontlongo, ndafumanu ukuba ngamaZizi.

(a) Ndisaphelelwu ke apha. Zifumaneka nzima ezi zinqulo, kuba abanye abazazi. Ukulungiselela ukuphindwa kwale newadi kunga kuhle zithunyelwe kum zihlale zilindile kuba isuke iqubule imini yokufuneka kwazo.

(b) Kwisiduko samaNgwevu (50) kukho abaphazamayo ngokucinga ukuthi lo Zulu

walatha ukuba amaNgwevu la manye nama-Zulu aseNatal, kanti hayi akunjalo ; kutheth wa izulu eli liphezulu esibakabakeni xa lithleki-swa nomhlaba umhlatyana, utsho uManditha igqala lomNgwevu wasePhewuleni eXesi. Kufuthi ababaleli-maphepha belahleka kulo mcimbi. Kwa khona zonke izazi zemfundo vezizwe, " *ethnologists*," ziya vumelana ngokuthi ayidibananga imilibo yamaZulu nab-Thembu, namaXhosa nabuMbo emvelini yazo eNtla aphi ziphuma khona ; zozine zizizwe ezahlukeneyo mpela. Igama lobuNgwevu sisiqhulo sokuqhula amaGudulu.

(c) UDlangamandla emaTolweni (122) uthetha ukoyisa ngamandla ngokwentetho yakudala esekhoyo emidlalweni yenkuphiswano.

(d) Kuphawuleka ukuba inxalenye yezinquilo ngamagama eenkosana ezazithandwa. UJ. H. Soga uthi ooHawuhawu, noHlabilawu, noZiduli, noHintsabe, noMsomi ziinkosana eziphuma kuKhwane inkosi yamaGqunu-khwebe emaNqapwaneni eMgazi emaMpndweni kuda!a.

(e) AmaCete (12) encwadini kaj. H. Soga akakho kuludwe Iweziduko zamaXhosa, phofu kwa yena uwafaka kumaGqunukhwebe. Onke amaCete wona athi angamaXhosa akwaGcaleka. Nam ndiya kholwa, kuba nje ngoko ndihlala kwaKama ndifumana amaCete engaziwa ngabuGqunukhwebe, aziwa kuuphela nje ngamaXhosa akudala. Incwadi kaNgani iya nqhinelana nabanye ababalisi ngokuthi amaGqunukhwebe asekwe ngexeja likaTshiwo

emaInlathini asemaMpondweni kumlambo u-Mngazi engamaXhosa athe azekelana nama-Gqunuqhwa (Gonaqua) isizwe samaLawu.

(f) *AmaVundle*. Encwadini kaEllenberger echaza ibali labeSuthu nabeT'jwana ama-Vundle (ba 'Mutla) namaMvulana (ba Polana) ngabuFokeng, isizwe esaqqibela ngokuginywa ngabuKwena. Isinqulo esingub'aayi sikho kubo bobabini. Kuthiwa babewudla kwada umvundla (BaFokeng ba 'mutla ; moFokeng oa 'mutla o yeoa tala). Apha ndisulela ingciso endiyizuze kumanene ooNgcwabe no-Arosi noNgculu.

(g) *AmaJali*. UM. Siwundla uthi amaJali alunge kumaWuse akooKhambule, evakala nakumaMpemvu, nakumaHegeba nakuma-Baca. Kusafuneka ubunqhina ke apha.

(h) *AmaDuma*. UMayeza waseCrown Mines uthi amaDuma ayeluhlanga olulodwa endalen iumi ngaselwandle nje ngabuNguni aphi ufunyanwa khona umthi ogama lingu-mthombeli (ongengomthombeni). Exesen olu hlanga loyiswa nguSenzangakhona uyise ka-Tshaka ukuze nje lubuse kuZulu, kungenelele namagama akwaZulu kwizibongo zalo.

(i) *Imbo*. Lilityc elihle ngokwenkunzi yeqhude, elizuzwa eMpafane eQhudeni iliwa elilapho ; abembi balo iinchibi zohedu ngamaLala, abambo (abembi), litsho ixhego (Mtika) laseNgqufwa.

(j) UJ. S. Kildasi uthi zintandathu izindlu zobuTshawe emaXhoseni : Gcaleka, Ngqika,



Gwali, Mbalu, Dange, Ntinde, phofu zikho nezinye izindlu zasebukhosini : Ciŋa, Jwaŋa, Khwemnta, Tshawe, Kwayi, Hleke, Ngcangatelo, Zikhali.

(k) Igama uLusibakhulu (utsho uR. J. Mazomba waseTyhume) livela kusiba lweenwele ("usiba lwempunzi" ngesiXhosa saku-dala) olungumkhitha ukuhla eſunzi. (Ndikhumbulu ndilubona kuW. B. Rubusana kudala esemtsha). Unina kaLusibalukhulu kuthiwa wothuswa yindlovu sel' ekhulelwé, waza wa-beleka umntwana onosiba olufana nendlovu ngenxa yobukhulu ſalo, wasel' ethiywa igama lokuſha nguLusibalukhulu.

(l) Enye into esafunekayo zizibongo zeenkosi ezifana nezikwincwadi kaH. M. Ndawo ethi *Izibongo zeenkosi zamaHlubi nezamaBaca* (1928), nakuleya yeziduko ezivangwe nezibongo kaW. B. Gubusana ethi *Zemk'inkomo maGwalandini* (1911). Imizekelo embalwa naantsi :— EzikaMaqoma (kuloJingqi) ezithi

Yinjalaty
UNompondwana
UJong' ums' obomvu
Inyok' emnyam' ecand' isiziba
Isijořa soNothonto
Udeř' oneqhusu
UPhunguza nampofu
Hlwath' olumadolo lakuNothonto.
Umanqumla ntloko zemifulana zoNomswaka.

EzamaHlubi :—

Amangele-ngele
Andlebe zintle zombini
Anzipho zimnyama ngokuqhwayana
Ampundwana zinga zingangienda
NgabakwaBungane onKomo zimaKhulu-khulu
Inkamisa mlomo enga ngezibuko
OoZulu laſay' imithi
Iziqo zabeka phezulu
Akwaſa ndaba zalutho
KwaBungane maHlubi akusawelwa ngamazibuko
Se kuwelwa ngeempambusa zemifula
KwaBungane maHlubi akusavalwa ngamivalo
Se kuvalwa ngamakhand' aamadoda

AmaJili :—

NgamaJili kaNonkosi, uJili maqhaga
Amabandla kaLipheleyo
Abadubula kufe kanye bakhwelele nge-ntjuntse
Amabuya neenkomu ziy' ebantwini, Vilakazi
Amagqagqangana
Oomand' eluhlwini
Oomala-kuhlulwa
Amancitsha kancane kaNomacala
Ixixhing' ezimixhol' emagxeni
Ntomb' engazekwanga kwaJili
Yozal' iimpaka zibe ntathu
Eyesine ibe sisikhova

Naantsi inkcazelo yamazwi anqabileyo kwezi zibongo :— injalatya sisindwebi ; isijoja sisigebenga ; uNothonto ligama likanina ; udese sisiqhuma ; impofu sisilo esidume ngokundweba ; amangelengelc zizivathiso ; iimpambusa ziziphambuka ; amakhanda ziintloko ; amagqagqangana ngamadoda alwa imfazwe embalwa emi ngokugqaggeneyo ; oomand'eluhlwini ngamadoda akhaliphileyo asuke ange maninzi phaya eluhlwini nakubeni embalwa ; ukuhlulwa kukoyiswa ; amancitsha kancane kaNomacala yintetho yaseMbo yokutshefula ethetha Amancipha kancinane (emazantsi omzimba) kaNomatyala ; izixhinga ngabantu abantamo zinkulu ; imixholo yimida, okanye imiba.

Le mida imiswa ngokumiswa kwiindawo ngeendawo phofu iyelelene.

Le yamaJili ndizuzene nayo ngomhla we19 January 1923 eMalenge kwisitisi esilandela esaseDulini phakathi kweFrankilin neRiver-side entla kwedolophu yomZimkhulu ngethuba endaye ndicelwe ukuba ndibe ngomnye wabafundisayo kwisiKolo seHlobo ("Summer School") samaKatolika (Roman Catholic Church) eCebane (Lourdes). Kuthe ndilapho ndabuzisia ndada ngethamsanqa ndawufumana umkhondo wohambo lukabawo-mkhalu owemka iminyaka emithathu kudala esithi uya kufuna amajili akowabo (ephuma kwanya na wodade wabo uJoseph Ntobongwana ku-Qumbu). Okunene ndiqese ihase ndasiwa kumzi omgama uziimayile ezilisumi, apho

wayehlala khona loo minyaka mithathu. Ithe inkosikazi yakhona yakwaziswa ukuba lo mhambi ngumzukulwana kaNtwanambi Jabavu yadanduluka ngovuyo imemeza ezi zibongo zingentla endazicholela kumva wemvilophu kwa oko ngepensile. Ndiybuzile intsingiselo yezi zibongo, yachazwa ngoiuhlobo : AmaKhuze la yabe ingabantu abakhollise ngokuba ngamaphakathi nabalwi phantsi kwezinye izizwe, kwa nokuba ngabasengi,

" OoMasengwa abasengel' uDlamini
OoMasengwa besileka
De kubuye kuvule kwa amajili "

(K. K. Ncwana).

Abesakuthi ezimfazweni abe mbalwa, eme magqagqa, ukuze nje kuthiwe " Ngamagqagqangana "; athi ngobukhalipa ekulweni ajike ande angathi maninzi apha eluhlwini, abe " NgooMand' eluhlwini "; aale ukoyiswa (" ukohlulwa " ngokuthetha kwaseMbo). Ngommo ayengabantu abantamo zigxarileyo, biebanzi emagxeni, betshweziwe bancipha iintungo nemilenze ukusa ezinyaweni, ukuze nje kuthiwe

" Ngamancitsha kancane kaNomacala." intetho yotshefulo ethetha ukuthi

" Ngamancipha kancinane kaNomatyala " (andimazi yena uNomatyala). Ayenconya umkhitha nomfaneleko nomtsalane kumaBaca, ekwakulisiko ukuba iinkosi zamaBaca neze-Ntlangwini zendiselane ngokwezamaNgqika nezafaThembu, yaza yaaligugu ezintombini

zamaBaca ukwendela kubo (ubawo wazeka intombi yeBaca kwaBiyafe kwaJ. B. Sakuba waba ulandela eli siko nakubeni wayengalazi); kwada kwaqhayiswa ngokuthi intombi yeBaca ephosiweyo kukwendela eNtlangwini iya kuzala abantwana abanganamkhitha (iimpaka nezikhova). Loo nto yona ayinabunqhina ; yincoko nje eqhelekileyo nakwezinye izizwe yokuzincoma, ngokukodwa emitshatweni ; iyelele kweyamaHlubi azibonga ngamazwi ayolileyo okuthi,

Amangelengele

Andlebe-ntle zombini

Anzipho zimnyama ngokuqhwayana.

Malunga nalo mda othi " Ngamancitsha kancane kaNomacala," imbongi engu M. S. T. Kamile yakwaNgele, Middledrift, xa ibonga umfo emaziyo waseNtlangwini ithi,

" Ukumila kwengonyama kubitye ngomzantsi Kuba silwanyana sinobuganga emahlathini, Nqebejw' enkulu, igxaře ngomntla."

INTLANGWINI.

Intsayelelo.

Izikhokelo eziqhelekileyo ezinje ngoo "Rev" " Umfi," njalo-njalo azifakelwanga. Isizathu soko kukuša se kulithuba eliwelileyo kumasumi amathathu eminyaka ndiliqokelela eli bali. Kwelo xesa ubuinzi fabantu endidlule kubo neli bali se begodukile saya ekuphumleni kwaphakade.

Kumabali olu hlobo kunzima ukuyifumana inyaniso kakuhle, kuba umntu obuzwayo usuke azame ukubuphakamisela phezulu u-fukhosи bakowabo nangaphaya kwento eyi-nyaniso. Apha sizamile ukuyilumkela loo nto nga ngoko kunokwenzeka.

Okwebali eli singathi lisisiqalo kuuphela ; ithemba lisekubeni liya kuvulela ulwazi oluya kupuma kwiinkalo ngeenkalo, olusafunekayo ukuyizalisa imbali le siyenzileyo.

IMVELA-PHI YAMAKHUZE NENTLANGWINI.

Intsusa.

Ngomnyaka we1916 uTiyo Burnside Soga wasicilela incwadana emaphepha angama99, egama lithi *Initalo kaXosa* kwisisicilelo sase-Gcuwa sezo mini. Kuloo ncwadana weenza imbali yemvela-phi yamaXhosa jikelele nazo zonke ezinye iintlanga ezimnyama zomZantsi Afrika. Kamsinyane emva kokuba iboniwe loo newadi kwaBa kho ingxoxo esusu epheni iMvo, amadoda emphikisa uSoga esithi ukubalisa kwakhe kuphambenc nendlela abayazi ngayo bona imbali yezizwe zaBo. Kwinxalenye yababali aabo le nto yadala umsindo nentetho erabaxa, ekwada kwakhalima uS. E. Mqhayi ngelithi kuthe ni na ukuba ubani lo (esitsho embiza ngegama) athi uya vuya yinto yokuba idlakazeliswe le ncwadana ? Esinye isiphumo saloo ngxoxo saba kukubalwa kwa-maphepha (*manuscripts*) aliqela okulungisa iziphene zikaSoga : kwavakala ukuba naanko uJohn Henderson Soga ebala ecacisa imveli neenkosi zabeNguni ; noRichard Tainton Kawa eqokelela ibali lamaMfengu ; noCawood A. Sigila, noDaniel Malgas, nabanye bebala awabo amabali. Exeseni ziphumile zalibona ilanga iincwadi zooJ. H. Soga, noHenry Masila Ndawo noR. T. Kawa ; kodwa nazo

ezi ncwadi zibuye zafunyanwa zineendawana emaziphikiswe ngabanye abantu (abakunye nombali lo) emva koko. Le ke indawo esalis-
sa ngamaKhuze neNtlangwini lilinga lokulu-
ngisa iziphene ezithile ezibonakele zifuna
ukulungiswa zimiswe ngendlela eyaziwa sithi
abantu bomlibo wamaKhuze neNtlangwini.
La malinga aya efuneka ngokufuneka, ngenxa
yokuba baya phela abantu abadala elufunya-
nwa kubo ulwazi lwezi mbali.

Umsebenzi kaT. B. Soga wokubala incwadana yakhe ngelaa xesa silixelileyo ubancede kunene abantu abasithi abathetha intetho yesi-Xhosa, ngezizathu ezibini ezizezi : esokuqala sesokuuba iimbali zezizwe zafe zinganonelewa kuya phi ziimfundu załoo maxesa. Into eyaqhelekile kukufundwa kweencwadi zesiNgesi zeembali zamaAfrika ezizotywe ngabeLungu, ngecalalokulungiselela izikolo, kufundelwe ukuphumelela iimviwo, kubekuuphela. Amabali ezizwe wona abe elondolozwe ngeentloko ziimbongi, namaqhaji namagqala. Yabothusa kanobom abantu basemfundweni incwadi kaSoga, yabavuselela ukuba bazikhathaze ngokuwalanda amabali nokuwaxoxa kwanokuwafunda ngokutsha. Esesibini isizathu sesokuuba baqonda ukuba amaxhego awaziyla masaliaya esimka emhlabenzi eza kusiya ilize ; ngoko ke bazimisela ukuwagcina ngokuwabala febala olwabo ulwazi kwa kunye nokubala ingxelo yamaxhego, besenzela ukulungiselela izizukulwana eziza kulandela. Inkulu ke into esiyenzelwe nguJwała lo uSoga, le yokuvuse-

lela iingqondo zabantu abafundileyo entweni ebe izi kultyalwa. Ziya kuba nombulelo izizukulwana ezizayo kuye nakuKawa abathe bayivula yaabanzi indlela yolu lwazi, belanda uW. B. Gubusana owayihlahlayo ngencwadi yakhe uZemk' inkomo maGwalandini (1911). Ngezi mini mkhulu umdla othatyathwa zii-mfundu kwa nabantu abangafundanga kwincwadi ezichaza iimbali zezizwe. Loo nto inqhinwa kukuthengwa kwazo ziphele ngephanyazo zakuba zivakalisiwe ukusicilelw kwazo, kwa nangokufuneka kwazo ezikolweni. Olu luhawu lwempucuko nenkqubela kubathethi besiXhosa kuba uSoga usale elandelwa zii-nkwadi zooWalter D. Cingo, noVictor Poto, noBrownlee J. Ross, nabanye inkoliso ibala ngenjongo yokulungisa iindawo awayeziphazamile. Nalo eli bali lindululwe yiloo mpe-mbelelo kaTiyo Burnside Soga othe kanti ekungazini wenze imvuselelo entle yokuthi impikiswano yababali ivelise ulwazi olutsha. EziBalweni uPawulos unendawo athi kuyo, "abathile bamvakalisa uKristu ngeenkani . . . noko kunjalo ndiya vuya kuko oko . . . kuba ndiyazi ukuba oku kuya kuphumelela ekusindisweni kwam." Nalapha kukwayiloo nto, nye ngoko sibona ukwaanda kwemfundo yee-mbali zezizwe. He !

Ukuyilwa kweli Bali.

Ikhaya lokuzalwa nokukhula kwam liQonce kumhlaba wamaNtinde kwaNgqika. Ngenxa yokuzaelwa apho ndikhula phantsi kwesithe-

the sokuba embusweni ndingumNgqika, ndaye ndiphethwe ngeso sitethe ziinkosi neenkundlalaloo ndawo. Phakathi kwamaNtinde zininzi iziduko ngeziduko ekufizwa ngazo abantu, ongafika kukho amaCira, ooTadebe, amaTshawe, ooTshangisa, ooDlamini, ama-Kwayi, amabele, njalo-njalo saye thina kusithiwa singooJili.

Kuthe malunga nokuqaleka kwemfazwe yokuqala yamaJamani (1914) ndabuza kubawo (uTengo Jabavu) lo mbuzo : "Kuthe ni na ukuba bafe mbalwa kangaka abantu bakwajili, kanti baninzi abangamaJwaJa namaTolo-namaGiqwa, namaZangwa, nabanye ?"

Impendulo ithe : "Kungokuba amajili la sisizwe sasentla ngaseMzimkhulu naseNatal esingazanga sachithakala kuya phi kwelo, de kufe ngoku. Ngesigigaba senkcithakalo ye-Mfecane yamaNgwane nokufika kwamaMfengu kuHintsa, amajili awayephakathi kwaloo nkicithakalo ziimpinza neempanza ezadudulwa kukufa kwelizwe, aza asiyeka emva awona maninzi neenkosi zavo. Ungathi ukuze uwafumane uye kwelo zwe ufike esahleli esitya ngendefeb endala, engamaqaaba angamachule aamayeza. Uyihlo-mkhulu wakha waya kuwafuna, wemka iminyaka yomithathu, uwafumana apho eMzimkhulu, wabuya esalisa esithi uwabonile. Kusweleke itsha-ntliziyo eliya kuzikhathaza ngenye imini ngokuwulanda umlibo wawo, liwubale ube yincwadana efundisayo, esekho nje amaxhego ayaziyo imbali yawo."

Le mpendulo yatsho ndothuka yandicingisa nzulu yandifaka umoya wokuyilanda le mbali de kubé kwiingcambu zayo. Okunene ndiyigcinile le njongo okoko, ndalala ndivuka nayo kule minyaka imasumi mathathu, ndaphanda ndiphandile. Kuloo mpando kusuke kwacaca mhlophe ukuba umntu olanda imbali yesizwe esinye nokuba yeyesiduko esinye, kufuneka ayiqhele nembali yezizwe ezimelene neso sizwe axoxa ngaso, khona ukuze akwazi ukusahlula kuzo. Le nto ke ibanga ukuba nembali yesizwe esincinane nje ngesi seNtlangwini ibe ngumsebenzi obanzi. Enye into ecacileyo yeyokuba xa umntu ebuza iminombo yeenkosi nokuba yeyezizwe, kufuthi ukuba alahlekiswe ngabom ngabantu abathile abanqwenela ukuphakamisa umnombo wafo bewuphakamisela kwindawo engasentla kwe-senyanisweni. Kulungile ke ukongeza ngo-bunqhina babantu abangaphandle kwaloo mnomblo kuxoxwa ngawo, kwa nangobunqhina babantu abaninzi nga ngoko kunokwenzeka. Kuwo onke la malinga, andiziva ndinakho ukuthi lo msebenzi ndiwusiya ufezekile. Ndizanelise nje ngelokuba ndiyigqibile indawo emalunga namandla am ukuhlangula ulwazi obe luza kutshonela emnyameni namaxhego exesa lesizukulwana sam.

Imithombo yeli Bali.

Imithombo (*sources*) efunyanwa kuyo imbali yolu hlobo mininzi kanga ngokuba kunzima ukuyicokisa nokuba umntu unethuba lemi-

nyaka eqwalasela yona yodwa. Naantsi. Kufuneka ehambile umbali ajikeleze kunene edibana nababalisi. Mna ke ndaqala ngomnyaka we1915 ebusika ndenyuka ngesikhephe esiphuma eMonti ndehla eDurban, ndangenya kuloliwe oya eMaritzburg apho ndajika ngomnye ogqitha eXobo (Ixopo) eme kwa-Madonela emlanjeni uMzimkhulu, ndaza apho ndakhwela emahasini ndaya eThembeni. Ndiphindile ngowe1920 ndaya kwaseNatal, eManzimtoti ngezantsi kweDurban. Kwa khona ngowe1922 ndisinge eMaclear naku-Tsolo nakuQumbu naseMount Frere, ndaza kuQumbu eMarambeni ndaba nethuba elinobom kuJoseph Ntobongwana, umfo ozalwa ngudade-boqwawo-mkhulu uNtwanambi Jaba-vu. UNTobongwana undixelete ukuba u-Ntwanambi, kudala, wanduluka apho eMarambeni ngeenqwelo ezabé zisiya eMzimkhulu yena esiya kufuna amaJili waduka iminyaka emithathu waibusya esithi uwafumene amawa-bo lawo ezibaxeni zoMzimkhulu, wafika engamaqaba wasel' ewasumayeza iVangeli ngayo yonke loo minyaka. Ngomnyaka we1923 ndisinge eMaritzburg ndehla ngololiwe ophe-la eFranklin ndakhwela ezikarini nasemahaseni ndavelela iKokstad, neMalenge, neRiverside, neDulini Railway Siding, neCebane (Lourdes Roman Catholic College) naseNgwaqa kwa-John Magaqa umfo owa-be eliphakathi lesibonda sakwaBaca uSigengana,

Inamb' emnyam' ecand' isizifa,
Isisu sodonki,

waza uMagaqa wandinceda ngeendlela ezi-mbini, eyokuqala yaba yeyokundimemela ingwevu yembongi eyandityhilela iindawo ezithile ngamaKhuze akulobawo namaBaca akuloma ; eyesibini yaba yeyokundidiBanisa neyona nkosi iphambili ngegazi kwaLusiba-lukhulu uNtlabathi kaDulini, kaNguza, ka-Ngonyama, kaMzafane, kaMdlovu, kaMeyiwa, kaBuhlalubude, kaDlamini II, kaLusiba-lukhulu. Le ngangalala, eyayiphahlwe yingidi yamaphakathi, iqondakele kwa sebuswesi ukuba lithole lesilo : ixhonti elibuso bumbomvu-mfusa kunye neendevu ; eengxeba ziphindeneyo, emagxa angqangqasolo asekele intamo efana neyengonyama (kakade ukhokho wakhe nguNgonyama) ; umfo otshefulayo ukuthetha, ngoku kwamaBaca (kuba ndamva, akugqiba ukubuza umntu endinguye, esithi “ Be ngingati ukutshi ngumntanami lo,” oko kukuthi “ Be ndingazi ukuthi ngumntanami uJabavu lo”), omsindo ukwalapha.

Ngomnyaka we1937 ndiyile kwa khona e-Kokstad ndahambela isikhulu sasemaKhuzeni uTitus Nguza eNew Amalfi entla kweCederville naMatatiele, esixekweni senkosi yama-Khuze uMnukwa kaNdulwana kaMakhaba (“ Makoba’s Location,)” eyandenzela imbeko yokundimemela isidlangularala sentlanganiso yomzi yenkundla yesithili sayo sonke, yayongamela ngokwayo, ekuthe kwakuchithakalwa yandibalisela olwayo ulwazi ngeNtlangwini.

Ukusuka apho kufuneka umntu abuzisise kwimizalwana yakhe, imilowo, acokise naku-

bamelwane nakwabezinye iziduko. Iincwadi ezibalwe ngesiXhosa se ndizixelile, ezo zibalwe ngooNdawo, Poto, Cingo, Kawa, Gubusana Soga, noko ziqhawula zidlula kweli bali singalo apha. Zinoncedo nangaphezulu ezithile ezibalwe ngesiNgesi emandibalule kuzo eka A. T. Bryant, *Olden Times in Zululand and Natal*, kuba nakubeni zikho nakuyo iindawana esizihlabayo apha naphaya yeyona inqhinelanayo nenyano esikhula sixelelwa yona ngabazali bethu. Ezinye zeZooJohn Henderson Soga, Frank Brownlee, E. J. Krige, J. Ayliff, N. J. van Warmelo, G. Theal, F. D. Ellenberger, E. A. Walker, njalo-njalo.

Amaphepha-ndaba ahlala ahiale abe namanqaku akhanyisa iindawo ezithile xa umntu ewasikile wawagcina. Linjalo inqaku elabalwa nguE. H. L. Schwarz kwi*Daily Dispatch* iphepha laseMonti (1927) ; wambi akwimiqulu yeMvo *Zabantsundu* zakudala, anje ngaka-“ Ngxangxosi.” Amancoko neembongi azinyali ukuthi zibe nezizindlo (*allusions*) ezince-dayo ngokwalatha iziganeko ezinxulumene nobukhosu nemiliso yezizwe, nje ngaleya yase-Ngwaqa ndiyikhankanyileyo ; neyaseNyandeni uJiyajya imbongi kaVictor Poto ebigrqiba iiyure nokuba zintlanu icengceleza izibongo zeenkosi neziganeko zeemfazwe zamaMpondo neyaseXhoja kwaJohn Henderson Soga endayiva ibonga kusemnyama ekuseni, andaba nakuyibona phandle, kanti naantso phezulu emthini omkhulu ingathi yintaka, nayo ice-ngceleza iimbali zamaBomvana kaHolomisa

(1924) ; no Kali K. Ncwana wase Bayi (1927) owayengathi uzazi zonke ngentloko izibenggo zezizwe ezimnyama, ekulusizi ukuba olo lwazi lwakhe luphelele kuye ngenxa yokungalubali.

Olunye udidi lwabantu abanolwazi lwezi mbali ngamadoda asebandla : izibonda, amaphakathi om "khandlu" (inkundla) anje ngoo-Sodidi (Toxeni, Alice), Z. D. Maya (Mqandulii), Johannes Sekeleni (Kokstad), S. E. K. Mqhayi (Berlin), James Mafuna (East London), C. A. W. Sigila (Nxukhwebe), A. Festile (Rawutini), Shadrach Zibi (Khayakhulu), njalo njalo xa ndizekelisa ngambalwa kulawo ndizuze iziqanaqu kuwo ; kwaye kufuneka umphandi ewancinile amadoda olu didi akuhlangana nawo. Ngalinye ma ndithi mininzi imithombo yolwazi lweembali zezizwe, ukanti ke noko into emandla bubutsha-ntliziyo (*enthusiasm*) balowo ulufunayo ulwazi, kwa nokuzimisela ukuwacombulula amaqhina axafileyo endleleni yempando yeembali.

Amaqhina eli Bali.

Le mbali yeNtlangwini ndiyifumene inamaqhina (*problems*) anzima abange ukuba ndibone ndixinga kuwo, ndime, ndiqwalasele, okanti olo qwalasel se iyeyona mbali iyimbali, umongo weli thambo silinqabayo. La maghina yimibuzo eyile :—

(a) Yinto ni na intsingiselo (*meaning*) yeli gama iNtlangwini ?

(b) Umahluko phakathi kwamaKhuze ne-Ntlangwini yini na ?

(c) Ivela phi na le nto ithi amaKhuze ne-Ntlangwini ngooDlamini ? Nethi ngooDlamini basemaZizini ?

(d) Ngubani na uLusibalukhulu (enqua yena yonke iNtlangwini) ? Ezalwa ngubani na ? Ezala bani na yena ?

(e) AmaKhuze neNtlangwini azalana njani na nezinye izizwe ezinje ngamaZulu, naba-Thembu, namaMpondo, namaXhosa, nama-Swazi, nabeSuthu ?

Uluthi lweli bali lethu siya kulufumana ngokuxoxa le mibuzo ngokulandeelana kwayo

Umbuzo wokuqala uthi, Yinto ni na intsingiselo yeli gama iNtlangwini ? Naantsi impendulo :

Encwadini yentyilo-magama (*dictionary*) ka-Kropf-Godfrey eli gama, intlangu, lithetha izinto ezimbini : imbašala ethanda ukuhlala ezingcongolweni (*reed buck*) ; inyoka.

Ngentetho yesiZulu lithetha kwa ezo nto zombini ; ngesiSuthu ("tlhako") lithetha impuphu (*hoof*), kwa nenyoka ; ngesiTswana lithetha impuphu qha. UShadrach Zibi, inkosi yamaHlubi akwaKhayakhulu (Rustenburg, Transvaal) wakha wandibalela (1923) esithi ufumanise ukuba abeSuthu belo zwe bathi bayiNtlangwini, besithi sangabāMbo, ngamagama athi Tlhakong, Bapo. Ngecala lamagama ndingabanqhinela ngokuthi imithetho yeeLwimi zabaNtu (*Bantu Languages*) ithi xa kuguqulwa isiXhosa sisiwa esiSuthwini u "ntla" abe ngu "tlha" ; u "ngu" athi "ku" (abalwe "ko"), u "-ini" athi "ng" ; u "

mbo " athi " po " ; ngoko ke akudityaniswa onke la maganyana enza imbumba ethi Tlhakong, Bapo, oko kukuthi iNtlangwini, abaMbo. Ingxelo evela kuZibi ayinakuthandatyuzwa ubunyaniso bayo kuba abaMbo ukuhla kwabo entla bahamba besalela kuwo onke amazwe asentla naseTransvaal naseNatal. Ikho nengxelo ethi iNtlangwini ngabantu abasengamanqhawa ahlala ezweni elalineenya-makazi ezininzi zohlobo lwembabala, intlangu, baza bazuzana apho ke neli gama labo. Kunokwenzeka kube kunjalo, koko kusafuneka loo ndawo inqhineke.

Owesibini umbuzo uthi, umahluko phakathi kwamaKhuze neNtlangwini yini na? Ndi-badule iminyaka emininzi ndiyifuna impendulo yalo mbuzo ndingayifumanu, ndade ndancedwa yincwadi kaA. T. Bryant owayifumana kwiNtlangwini yaseNatal. Okwakaloku ndiza kuqala ngempendulo emfutshane endiza kubuya ndiyicokise xa se siwagoca-goca la magama. Impendulo ithi aaba bantu bobabini bazarwa ngumntu omnye uDlamini II onoonyana abane. Kweso sine izibulo nguKhuze (Mdineka, Mdineka) igqibelo nguMakhatha umseki wale ndlu kuthiwa yiNtlangwini. Ngoko ke aaba bantu ngumkhuluwa nomninawe. Kwezinye izizwe kuqheleke ukuba abakhuluwa nabani-nawa baxele amabutho eenyosi, bemke baye kumisa amathaanga amatsha obuzwe, ngenxa yobuninzi babantu bazo. Ma sizekelise ngo-kuthi izizwe ezithathu kudala eNatal, amaTolo namaZizi namaBele ziphuma kumntu omnye

uLanga, kodwa ngenxa yokwanda kwabantu bazo, zathi saa, zaya kuma kwiindawo eziqe-leleneyo, zaya zisanda nangaphezulu zada ekugqibeleni zendiselana ngokwezizwe ezingazalaniyo. Ke abantu bakwaLusibalukhulu bona babe bancinci ngokwamanani, baza ke ngoko endaweni yokwahlukana, bathanda ukugcinana ; bahamba befaka iintloko zafo phakathi kwezizwe ezinamandla ezinje ngamaZizi, khona ukuze xa bebongwa kuthiwe,

NgooMasengwa abasengel' uDlamini ; kuba amandla obukhosи axhomekeke kwizinto ezine, ezizezi : umhlaba, ubuninzi babantu, ubuninzi beenkomo, nenkosi esisilumko.

Le nto yamanani ithetha lukhulu. Ngako oko ndiza kukhe ndiyityebise, kwisihlomelo esisekupheleni kweli bali, ngamanani aabantu abamnyama bePhondo leKapa (Cape Province) ngokukodwa abaseTranskei, apho ubuncinci beNtlangwini buthi bucace mhlophe. Kuloo manani, abantu baseNtlangwini ababalwanga ngokwahlukileyo kwezinye izizwe kuba bahleli ngokuxubana nazo ; kodwa ikakhulu gamelene namaBaca eMzimkhulu, nabeSuthu eMatatiele; naabo abanye bezicuku eTsomo, naseDiken (Victoria East) nakuQoboqobo (Keiskama Hoek), naseNqamakwe, naseWillowvale, nase-Mount Ayliff naseHarding.

Ngokuphawula ekuhamba-hambeni kuzo kwezo ndawo ndingathi zimalunga nama50,000 apho abantu bePhondo bebonke bezi2,170,564 ezincwadini zakwaGulumente ; endingathi zi-kude kufuphi kwelo nani iiNtlangwini ezise-

Natal naseSwazini namhla nje. Ubuncinane bala manani eNtlangwini bunqhina isizekaba-ni sokuba aaba bantu babe banyanzeleka ukukhonza kwezinye iinkosi, kwa nokuswela umhlaba ophangaleleyo. Nje ngoko ezona zizwe zomeleleyo mandulo eNatal yayingama-Zulu namaZizi namaHlubi, ifunyanwa iNtlangwini ikhonza kwezo zizwe. Kwa khona, ubuninzi babantu benkosi bubalulekile : balatha igalelo elikhulu emfazweni mhla kuliwayo kuba aabo ngabalwi, ngamajoni ; balatha iwo-nega laloo nkosi, nje ngoko sibona kumiDusane namaNdlambe emaXhoseni akwaGařabe uku-ba ngabo ababizwa kuqala ezintlanganisweni zamakhosi ngenxa yesi sizathu ; buthetha isi-milo sobubele benkosi kuba inkosi evimbayo nekhohlakeleyo ibangela ukuchithakala kwesi-zwe sayo, nokulahlwa ngabantu bayo, nayo iphelele ekuphulukaneni nesihlalo sayo. Khan-gela ubungqingqwa bamaMpondo obudalwa bubulumko nobubele beenkosi zawo ; buthe-tha iinkomo ezininzi, ezitsala amadoda ezinye izizwe ngamasi azo. INtlangwini ke ngenxa yokuba mbalwa kwabantu bayo, nje ngoko amanani obalo lukařulmente wezi mini ebo-nisa, yakholisa kwa kudala ngenkonzo nobu-phakathi kwabanye abantu, yaqinisa amandla ezinye iinkosi. Ngelinye icala obu bumbalwa bayo bubangele ukuba esi sizwe sigcinane ngothando nga ngokude iKhuze lizidle ngoku-zibiza ngobuNtlangwini loxa iNtlangwini izalwa ligqibelo kuLusibalukhulu, libe iKhuze lilizibulo. Akendiselani amaKhuze neNtla-

ngwini kuba bathabathana nje ngabantu aba-zalanayo.

Ingxelo evela emthonjeni eNatal ithi indlu yonyana wesithathu (Dlomo I) kuDlamini II ibizwa ngokuthi yeyasesiPhahleni. Ma sithi uLusibalukhulu uzala uDlamini II ozala amadoda amane angala :—UMDineka, izibulo, umseki wendlu yakwaKhuze enzala inamagama ooSivunga, noNomagaga, noMmiso, noKhukulela noNtengo ; unyana wesibini ongwendlu enkulu yobukhos (le kuthiwa ngoo-Dlamini-Mdlovu) nguBuahlalubude onzala inamagama ooMdlovu, noNgonyama, no-Dulini, noNtlabathi ; unyana wesithathu ngu-Dlomo I umseki wendlu yasesiPhahleni enzala inamagama ooSotshenge, noMphumela ; igqibelو nguMakhatha umseki wendlu yeNtlangwini, ozala oonyana ababini. Unyana omkhulu nguT,iba apho amajili la ayengama-phakathi, ukuze nje kuthiwe kuwo,

“ Mkhandlu omnyama wakuloT,iba.”
uT,iba unezizukulwana ezingooMencwa, no-Gasa, noNombewu, noFodo, noSocise, no-Baka ; umninawa kaT,iba nguMabandla ona-bazalwana abangooMrwebi, noNongcama, noBaleni, noSidoyi, noPata. Le ngxelo yase-Natal inobunqhina obufezekileyo, yaye iyiphikisa ekaKawa, kwiphepha 24, apho la magama angentla enziwe umvubo olahlekisayo kumaqondo amabini : (a) UKawa ufakela amagama ooNombewu, noGasa, noMphumela, noSotshenge phantsi kwenzala ka

Mdineka ; (b) aze alekele ngokuthi, "Ama Khuze ngamaZizi ahluke kuDlomo," intlaphoiyi ke leyo kuba ooDlomo baninzi : ukho owamaNtande ebaThenjini ; ukho owamaHlubi ; ukho uDlomo I wakwa-Lusibalukhulu ozalwa nguDlamini II ; ukho noDlomo II ozalwa nguSivunga into kaMdineka intloko yamaKhuze. Akaqondakali lo athi uKawa "nguZizi wasemaNdlovini owahluke kuDlomo." Lo Ndlovini ngubani ? Loo Dlomo nguwuphi ?

Phambi kokuba sidlule kweli nqanaba ma khe senze izwi ngamaSwazi. Zininzi izizwe zaseMbo ezithi ziphuma eSwazini : nje ngamaBaca, namaMpundo, namaMpondonise, namaNgwane. UBenedict Wallet Vilakazi, owayefundisa kuNokoleji wabeLungu e-Tawutini wakha wathi kum ngomnyaka we 1936 iNtlangwini le iphuma eSwazini. Lenyani (*fact*) ndibuye ndafumana inqhinya (a) enkundleni kaMakhoba, New Amalfi, entla kweKokstad neMatatiele apho ndandiyibusa khona ngonyaka olandelayo (1937) : (b) nase-nkwadini kaBryant apho iinkosi zamaSwazi zithi ziyingala kaDlamini II nakubeni zingamkhankanyi ngegama uLusibalukhulu uyise kaDlaminiII. Encwadini ka N. J. van Warmelo inkcazelu ithi eSwazini iNtlangwini le yekaNkosi kuLusibalukhulu, ize loo nto ivane nengxelo endiyifumene ngomnyaka we 1940 kwinto yakwaJili uTswane eMount Frere, owathi "AmaJili kaNonkosi." AmaJili anqula uVilakazi, iSwazi.

Kokwethu ukwazi amaSwazi la ngabaMbo, kunye nezinye izizwe ezininzi esavela sibaliselwa ukuba zezaseMbo : AmaZizi, amaHlubi amaMpundo, njalo-njalo. UBryant, ethelelwa nguKrike, uthi bonke abantu abaphuma kuDlamini I ngabaMbo. Lo Dlamini I ubizwa ngeendlela ngeendlela, kukho abathi nguDlamini-wa-nkqangi ; bambi bathi nguDlamini-wa-nqanji ; bambi bathi Dlamini-wa-ngqangi, aze amaMpundo kaPoto athi ngu Dlemini I. Sikhula kusithiwa ngabaMbo aaba bantu, nabaMbo nabo batsho xa bebalisa. Kodwa uJ. H. Soga noE. H. L. Schwarz (iProfesa yaseRhodes College) bathi loo nto ayinjalo, bathi aaba bantu ngamaLala. Ma khe sibeke incha apho kuba siza kuyibuyela into yale mpikiswano. Okwakaloku ma khe siqwälasele eli gama linguDlamini. Kukho izinto ezintathu eziphawulekayo apha : Eyo-kuqala yeypokuba umntu waseMbo xa alanda amanyange akowaabo ubuya umva abize iinkosi ngeenkosi ade aye kuma ngengotya, (*progenitor*) engu Dlamini-wa-nkqangi, aphelewe apho. Eyesibini yeypokuba nakubeni bephelela kuDlamini lowo ab'atsho ukuthi bangoo-Dlamini bona ukuzibiza ; basuke basebenzise magama wambi ezinqulo neziduko. Eyesithathu yeypokuba ngamaZizi qha abantu abakhumatheli kweso siduko sikaDlamini, baye nabo bebizwa ngaso ngabó bonke abanye abaMbo, nje ngokungathi ligama elincanyelwe bona, neliyekelwe bona nangamaSwazi wona angumlibo wobuzibulo kuDlamini I.

Le nto ithetha into. Kunokwenzeka ukuba ibe ithetha ukuba amaZizi la azalwa ngumfazi owabe elotyolwe ngeenkomo zenkundla, kholna ukuze ilungelo lobukhosu lidliwe ilifa yinazala yomnombo wakhe, xa nje eli gama liyekwe zizizwe ezikhulu ezinje ngamaSwazi, namaMpundo, namaHlubi, namaBele, namaTolo, nabakwaLusibalukhulu.

Ngoku sidlulela kumbuzo wesithathu othi iyinyaniso na intetho ethi amaKhuze neNtlangwini ngooDlamini basemaZizini ? Ivela phi na kakade loo ntetho ?

Impendulo yokuqala yethi, Hayi, ayiyaniso. Eyesibini impendulo yethi le nte-tho iphuma kwisizathu sokuza enzalenka-Lusibalukhulu kukho inkosi eyathiywa ngegama elinguDlamini, le kuthiwa nguDlamini II, ukanti kuDlamini I (uDlamini-wa-nkqangi) kuphuma izizwe ezahlukileyo nezingqindilili : amaSwazi, amaNgwane, amaHlubi, abakwa-Langa (amaTolo, amaZizi, namaBele) nabakwaLusibalukhulu. Lathi ixhego lakowethu John Tengo Jabavu ukuyibalisa le ndawo :

“ Imbangi yokuba lo nyana kaLusibalukhulu azuzane neli gama likaDlamini kukuba abantu bakhe babona ukuba nabo ma babe nenkosi ethiywa ngegama lika-Dlamini ngenjongo yokukhumbuza ubusele bamaZizi ekwakusengwa iinkomo zawo, kwaza emva koko kwathi xa kuse-tyenziswa elo gama kwahlonyelwa u-Mdlovu, kwathiwa Dlamini-Mdlovu ukucacisa ukuba lo mnombo wahlukile kowama-

Zizi, kuza umzukulwana kaDlamini II lowo nguMeyiwa uyise kaMdlovu.”

Obunye ubunqhina bobemantyi yaseBulwer eNatal ngomnyaka we1912, itsho incwadi kaBryant, nyaka yabe ihlanganise amaKhuze amelene nedolophu yayo, yaza yasingisa lo mbuzo kuwo. Impendulo yaba yethi wona azalwa nguDlamini II into kaLusibalukhulu ongomnye weenkosu ezizalwa nguDlamini-wanqanji.

Le nto yegama lenkosi elimana ukuphindaphindwa lithiywa iinkosi ngeenkosi iqhelekile kakhulu eMbo ; qonda ngamagama ooDlomo, Langalibalele, Tadebe, Zulu, Mthimkhulu, Njokweni, Sibanya, Hlubi, Madibandlela, njalo-njalo apho kungekho mpithizelo.

Umbuzo wesine uthi, ngubani na uLusibalukhulu ? Ezalwa ngubani na ? Ezala bani na yena ?

Lo mbuzo unzima. Ngowona unqabileyo kuyo yonke ingxoxo yeli bali. Yinkinga. Kulo mbuzo basuke bawe ngokuwa ngendlela edanisayo ababalisi beendidi zonke : abafundileyo nabangafundanga, abakudala nabangoku ; namaphakathi aseNtlangwini ngokwawo ewodwa, kwa nabambo jikelele. Ezinkundleni zabantu abangafundanga apho ndiwubuzileyo lo mbuzo impendulo ithi uLusibalukhulu lo yinkosi yakudala kakhulu emanyageni. Atsho amadoda angadluli apho ukucacisa ; kubonakale ukuba aphelelwu ; phofukube kho athi nguye ozala amaNgwane

namaHlubi neNtlangwini ; kucace ke ukuba akachaneki. Kulo mbuzo ingxelo kaM. S. H. Williamson, B.A., B.D., eyaqokelewa ngomnyaka we1927 ngesicelo sam egqubeni leNtlangwini eNtsikeni entla kweKokstad, nayo ayilandeiki, kuba ithi uLusibalukhulu yinkosi yokuqala, akaziwa ozala yena. Uku-suka apho ithi uLusibalukhulu uzala amadoda amabini : eyokuqala nguMtungwa intloko yamaKhumalo namaHlongwana (oko kukuthi amaNdebele namaNgwane) ; eyesibini ngu-Mhuhu ozala uLungqi uyise wamadoda amathathu angooDlamini II, nomSwazi (intloko yamaSwazi) noZundi (onzala inguBambatha owavukela umbuso ngomnyaka we1906) ; ukanti thina siqhele ukuba ukuba uMhuhu yintloko yamaHlubi. Ngoko ke asifumani luncedo kule ngxelo.

Incwadi kaJ. H. Soga (*South Eastern Bantu*, kwiphepha lama425) ithi uDlamini I uzala uLusibalukhulu ozala uKhuze, ozala amaTolo namaZizi, ekuthi kuloo Zizi kuphume uLanga noLamyeni noJama. Iya ndixaka le ndawo ithi amaTolo namaZizi azalwa nguKhuze. Ndiya qala apha ukuyiva. Ndicinga ukuba yimpazamo enkulu.

Aabantu ababonakala bephambili ekuwa-khumbuleni ngentloko amagama eenkosi za-kudala ngamaphakathi aseNatal nawaseSwazini. Ngesicelo sikaBryant kwiimantyi zase-Bulwer eNatal neyakomkhulu eSwazini, nge-xesa elinye kodwa kwezo ndawo zahlukeneyo neziqeeleneyo kakhulu, amaphakathi anga-

maxhego ahageleyo, asuke athetha into evanya, anqhinelana engazani, engakhange abo-nane, athi : ukusuka kuNgonyama (uyise-mkhulu kaDulini) kuye emva kuDlamini II izizukulwana zokulawula kweenkosi zihlanu :

Lusibalukhulu, 1712
 Dlamini II, 1730
 Buhlalubude, 1748
 Meyiwa, 1766
 Mdlovu, 1784
 Mzabane, 1802
 Ngonyama, 1820 ;
 ukusuka kuLusibalukhulu (uyise kaDlamini II) kuye emva kuDlamini I (uDlamini-wa-nqanji) izizukulwana zokulawula kweenkosi zilisumi,

Dlamini I, 1530
 Mnyambane, 1550
 Kuta, 1568
 Nomagwala, 1586
 Siqongweni, 1604
 Lokothwako, 1622
 Lolwa, 1640
 Lubiyela, 1658
 Ntlontlonde, 1676
 Dlomo, 1694
 Lusibalukhulu, 1712

inqhinelane ke le ngxelo neyeeNtlangwini zaseKokstad. AbaseSwazini bona baqalela kuLanga (intanga kaLusibalukhulu) babale izizukulwana zobukhosи ezilisumi ukusinga emva ukusa kuDlamini I, bathi :—

- Dlamini I, 1530
 Sihuba, 1545
 Nkabingwe, 1563
 Mbodlo, 1581
 Mswati I, 1599 (uMSwazi, ngesi-Xhosa)
 Sikhulumaloye, 1617
 Msimude, 1635
 Zamukati, 1653
 Nkomokabako, 1671
 Nkosi II, 1689
 Langa, 1707

Obu bunqhina bunamandla. Kwa khona amaSwazi wona aya emva nakuDlamini I alowo, akhumbule ezinye iinkosi zezizukulwana ezi sixhenxe ukuya kuma ngoMkhulumkholosi, othelekelelwa nguBryant ukuba ma kubewafa malunga nomnyaka we1400. Naanzi :

- Mkhulumkholosi, 1400
 Kuwawawa, 1419
 Kulwamba, 1437
 Sidwabaseluthuli, 1455
 Nkosi I, 1473
 Ngwane, I 1491
 Cebisa, 1509
 Dlamini I, 1527

Ngale ngombolo kuya bonakala ukuba ngabantu baseNtla abanawo awona manakanibe exesa awayesidla ubom ngalo uLusibalukhulu, emasithi limalunga nomnyaka we 1712. Oko kukuthi umalungana nexesa lika-Ngconde noTshiwu emaXhoseni. Bafanele

aaba bantu ukuzazi iimbali ngaphezulu kwa-baseZantsi kuba bona abazanga bachithakala bengcucalaza bephithizeliswa ziimfazwe nje ngathi ezantsi apha. Bona bahlala ngokuzinzileyo ndaweni nye amakhulu eminyaka kumaziko anezigxumeko zeenkundla, lo gama abachithakali babentlithwa ziinkosi ezinamndlala kunabo ukuza kumaxesa ooTshaka noo-Matiwane. Ngoko ke xa siyifwankathela impendulo yalo mbuzo singathi uLusibalukhulu ngomnye weenkosi ezininzi eziphuma kwingambu yaseMbo uDlamini-wa-nkqangi koko ezantsi kanye emva kooNgwane noLange noHlubi nabanye oonyana bakhe. Wahlukile kubantu bakaLanga (amaTolo namaZizi namaBele) namaPhuthi (amaNgwane asebu-Tswana) namaHlufi. Yena uzala uLuthuli noDlamini II.

Umbuzo wesihlanu nowokugqibela ngothi, amaKhuze neNtlangwini azalana njani na nezinye izizwe ezingamaZulu, nabaThembu, namaMpondo, namaXhosa, namaSwazi na-beSuthu ?

Impendulo yalo mbuzo yeyona ilula ngenxa yokuba kuya nqhinelwana ngayo nguJ. H. Soga noBryant noKrige. Ithi, abaThembu namaZulu namaXhosa ziintlanga ezingenamphithi, ezinyulu (*pure*), oko kukuthi ezingenamxube wamagazi ngamagazi endalen phaya ezweni laseNguni entla komlambo iLimpopo apho kuvelwa khona zizo. Phofu zona zodwa zahlukene, azizalani kwa zodwa, zaye zingazalani nabaMbo. Ekuhambeni kwazo uku-

hlela ezantsi amaZulu ahamba ahamba ema ngeNatal afika azinza apho. AmaThembu behla baya kuma emhlabeni lo kuthiwa kuseba Thenjini, phakathi kweCradock neKomani kuye ngaseMThatha naselwandle ezantsi kumaBomvana. AmaXhosa al, andela adlula wona esiya abaThembu ngelinye icala, esiya amaMpondo ngelinye icala aya kuma ngeGcuwa neNciba. Zozithathu ezi zizwe (Zulu, Thembu, Xhosa) azinangxoxo ; akukho mpi-kiswano ngazo phakathi kwababalisi esilande-la bona. Inkani ivela xa kufunwa ukuba kanene ngoobani na abaMbo ? Asuke aphikisanne apho amadoda ngendlela encamisayo, ibe iphuma ecaleni nayo apha incwadi engu-Zemk' inkomo magwalandini eqokelelwwe ngu-Tubusana.

Okokwethu sikhula kusithiwa eMbo kusentla jikelele, kubusko kho nabathi kusentla kwe-Natal kuse eSwazini nangaphaya.

KumaXhosa akowethu kwaGařabe kuthiwa eMbo kupheſey-a-kweNciba kude, into leyo ebange ukuba kubusko kho nesiko lokuba xa izulu liduduma ngohlobo oloyikisayo kuthunywe iwele, nokuba lizibulo okokuba liphume endlwini lithethe likhwaze limi phandle emvuleneni lithi, " Ma lidlulele eMbo ! " Ilizwe laseMbo ke lingecala lasentla naseMpumalanga. Aaſa bantu kuthiwa ngabaMbo save-la apho.

Inqaku elabalwa nguE. H. L. Schwarz ephepheni lesiNgesi (1927) laseMonti liya xhaswa nguJ. H. Soga kuluvo lokuba iintlanga

ezithile esiqhele ukuthi ngabaMbo azingoba-Mbo : amaHlubi, amaBele, amaZizi, amaTolo iNtlangwini, amaWuse, amaBaca, nezinye. Bathi ngamaLala. Izizathu abazibekayo azi-landeleki kokwam ukucinga. UBryant no-Krige bona baziva beqinisekile kweyabo ingxelo ethi abaMbo aaba ngabantu bonke abayinzala kaDlamini I (" wankqangi.") Le nyani inqhinwa ngabaMbo ngokwabo kuba bonke bakubuzwa baphendula ngokuyithetha le nto, ade amaZizi wona athi umntu wokuqala owdalwa nguNkulunkulu nguDlamini, awathi uThixo akungqisa ngonyawo emhlabeni kwa-thi thu uDlamini, ukuze nje kuthiwe nguDlamini-wa-nqanji. Le ntetho ndayiva ngenkonde yeZizi laseGwiliwili (Keiskama Hoek), ngomnyaka we1927.

OoBryant noKrine bathi abaMbo ngabantu abavela ngasebuNguni kumlambo iLimpopo kude kufuphi nendawo ekwavela kuyo ama-Xhosa mandulo ; babengabantu abantetho iteketayo (itshefulayo), kwathiwa ke ngama- " tekela " ; bathe xa besiya ngecala leDelagoa Bay kwacebuka inxalenye yabo yasinga e-Mpuma-langa yasala apho yaba ngamaThonga ; bambi behla baya basala eSwazini ; bambi behla baza kufika kwelikaHintsa basazana negama elitsha abazithiya ngalo lobu-Mfengu, elisisiduko esitsha sasemaXhoseni (ngokwesiko likaNtu xa iimbacu zifikele e-zweni lobunye ubukhos, zamkelwa). Nala maMfengu onke azibiza ngokuthi angabaMbo kuba ayevela eMbo ekwazini kwawo. Akazi

mnombo wumbi ngaphandle kobumBo. Akabazi ubuLala nobuKaranga, amagama abawatyatyekwa nguSchwarz noJ. H. Soga.

AmaMpondo ngabaMbo, nje ngoko le nyani icaciswa ebalini elibalwe nguVictor Poto, apho kuthiwa aphuma kumaSwazi, ku-“ Dlemini I ” (uDlamini I) ozala uLuswazi uyise wamaSwazi. Le ncwadi ithi uFaku wafa ngomnyaka we1867 waye esisizukulwana sesibozo emva koCabe owanchwatywa eSiphaqeni (Flagstaff) ekugalelekeni kwama-Mpondo evela eSwazini. Xa iminyaka yesizukulwana esinye ingamajumi amabini antlanu (ngokubala kukaSoga oba agaleleka ngomnyaka we1667 eFlagstaff, okanye ngowe 1723 ngokukaBryant obala iminyaka elisumi elinesibozo ngesizukulwana, abe yena u“ Dlamini ” (Dlamini I) ngumntu owayesidla ubomi ngowe1317, okanye 1415, kuba ezakhe izizukulwana zilisumi elinane phambi koCabe. UKrige uthi abeSuthu nabeTswana ngaba-Mbo abakumngxilo wama“ Tekela ” owaphambukela kwelamaThonga namaKaranga na-baHurutsi nabaKwena,—abeSuthu bonke ke aabo ; emasitsho ngomlomo ozeleyo ukuthi amaMpondo nabeSuthu ngabaMbo. Abanye abambo eEast Griqualand ngamaBaca, nama-Xesibe namaKhumalo. Ikho nentetho ethi igama eli lembo lelelitye lobedu elalisimbiwa liyintlabathi zizizwe ezilumkileyo zilinyisilikise ngomlilo kuvele ubedu (*copper*) ilitye elinqabilleyo imbo le ithelekiswa nophoyiyana, “ ungala-hli imbo yakho ngophoyiyana.” Abanye aba-

Mbo eEast Griqualand ngamaBaca, namaXesi-be, namaKhumalo, namaNgwane, namaZotsho (phofu ekho namanye asebaThenjini ngokwenkcazel ekwalapha kwiphepha 35), nabaThembu baseQhuden. Yiloo nto kusithiwa lonke ilizwe eliyiEast Griqualand lelaseMbo, kufwan-kathelwe namaMpondomise namaMpondo namaBomvana aseXhoja naseMqanduli, kuba aphuma kumaMpondo ngokwencwadi kaPoto.

Incwadi kaKawa (kumaphepha 93 ; 96) ilahlekile apho ithi, “ AmaKhuze aphuma emaZizini.”

Encwadini yakhe *Iziduko zamaHlubi* uthi uNdawo “ AmaKhesa-Mbanguba ngabantu abe besaziwa ngokuba ngamaChumane, beyi-Ntlangwini ngobuzwe ” (iphepha 10) ; aphinde athi , “ AbakwaMnguni ngathi ngabantu base-Ntlangwini. Baphuma ngcanjini nye nama-Khesa ” (iphepha 17) ; kwa khona kwiphepha 20 ubuye athi :— “ Mntungwa-Dlamini. Ngelaa xesa isizwe esiNtsundu kube kusithiwa kuso singabeNguni, kusuke kwaakho ukutetha okuthi kube kusithiwa singabaNtungwa. UDlamini lo uzalwa nguNdlovu. AbaNtungwa amaDlamini ngamaHlubi, eza ngomlibo wobukhos. Baziwa ngokuba ngamaDlamini angengawo awasemaZizini, mhlawumbi awakwaSibalukhulu eNtlangwini, okanye awase-Swazini.”

Zontathu ezi ntetho ziindaba ezintsa kum ngecala laseNtlangwini noLusibalukhulu. Ndingathanda ukufumana ubunqhina eNatal mhla ndaphumelela ukuphinda ndiye khona

Okwangoku ababalisi endidlule kubo abakan-difundisi nto ngobuNtlangwini bamaKhesa-Mbanguba-Mnguni, kwa noDlamini ozalwa nguNdlovu. Phofu kunzima ukuziphikisa ngokuqinisekileyo ezi ntetho, kuba sikho isibuliso esithi "Mnguni" kumaJili aseXobo. Ziindawo ezilindelwe kukuphandwa ezi.

Siyigqibile ke imibuzo ebe ingamaqhina axakileyo namelwe kukuqala aconjululwe. Yimibuzo esuke yafundisa inkqu bali eli silih-phetheyo, yaye isisiseko nakwasanye abaphe-ngululi abaya kulandela. Ngoku siza kudlulela kwingxoxo yemilibo (*genealogies*) yeenkosi zaseNtlangwini.

Imilibo.

Zininzi iingxelo zemilibo (*genealogical tables*) yamaKhuze neNtlangwini, anokuthi umntu ozikhathazayo ngazo ade aqhekeke intloko ethelekisa amasolotya okuvana nokungavani kwazo. Ngoko ke siza kuxoxa ukunqhinelana nokunganqhinelani kweengxelo esizifumeneyo nebesizazi.

Umntu wokuqala ukundivusa nokundichazela ngezi zinto nguZ. D. Maya (owayemi eSpringvale, Viedgesville, Umtata) owathi endibalele incwadi ngemicinjana yethu (22nd February 1927) wafakela umda othi, "Jili, Singawothi, mkhandlu omnyama wakuloT,iba," ndaza ngokunqatayelwa leli gama likaT,iba ndambalela ndimcela ukuba akhe andichazele ngalo, nje ngoko kubonakala ukuba amaJili

aye engamaphakathi enkundla yakuloT,iba lowo. Ekuphenduleni kwakhe (2nd April 1927) wandithumela inkazo ayizuze kumfo wakwaJili uqobo, uArthur Gabriel Nyovane, umLungiseleli waseTshetshi, endamgqibela kudala ndingumntwana ekhaya engumhlobo kabawo. Ingxelo kaNyovane yathi, uT,iba lo uzalwa nguMakhatha, aze yena azale uMengcwa, ozala uGasa, ozala uNombewu. Nda-khumbula ke ukuba imbongi yaseNgwaqa (1923) yayithe kum amaJili la ngakaGasa. Inkcazeloo kaNyovane yachukumisa namanye amagama anje ngawooSivunga, Dlomo, Nomagaga, Mmiso, Kukulela, Meyiwa, Miwa lwazi, Mzabane, Ngonyama, Gobincha, njalo njalo.

Ukusuka apho ndicedwe nguMorton S. H. Williamson umLungiseleli waseTshetshi owayesebenza phakathi kweNtlangwini le ingaseKokstad ngelo xesa, owathi wazixhamla, esabela isicelo sam, ngokuzihlanganisa iinkosi ezo wabala ingxelo yazo, inkosi ephambili uNtlabathi, nenkosy yendlu yokugqibela uSohlakala (amaqaba omañini, engamadoda asel' eqinile, enamaphakathi awo) ngezihlndllo ezahlukeneyo, wafumana zithetha into enqhinelanayo neyahluke kancinane nje kwingxelo kaNyovane. Iindawana ezahlukene kuzo zezinokuqondakala nokulindeleka kakade ezimbaliini ezilondolozwe ngeentloko, zinyathela ithuba lemnyaka esemakhulwini.

Ingxelo kaKawa (kwiphepha lama24 e-

ncwadini yakhe) yile se sithe ngumvubo wamagama angadibaniyo ezimbalini.

Imiliso ebalwe ngu J. H. Soga (kwiphepha lama 425 lencwadi yakhe i *South Eastern Bantu*) iphambene kakhulu nengxelo ka Nyovane neka Williamson, nesiqhele ukuva yona emakhaya ethu, nesiyifumene kwiphakathi elikhulu u-Titus Nguza umfo wase Ntlangwini endandihlala kuye (1937) kwesika Makhoba entla kwe-Kokstad . Ngeso sizathu ndiza kuyidlula ngeenyawo.

Eyona ngxelo yanelisayo kulo mcimbi yekabryant, oncwadi yaficilelwu malunga naxesa nye nezoo Kawa no J. H. Soga, kodwa yena uya bafiyi kakhulu ngokuyichana inyaniso. Phofu andibagxeki nganto kuba uKawa wayethwele ubunzima fokujikeleza umzantsi we Koloni kubantu abalulwazi luncinci ngembali yama-Khuze. No Soga waye ethwele kwa obo bunzima fokuhlala ezantsi kwelama Bomvana kude kakhulu ne Ntlangwini yasentla neyase-zantsi, nje ngoko ndafumana kunjalo ekumhambeleni kwam (1925) endamfikela ebumba amanqaku encwadi yakhe ngelo xesa. UBryant yena wayenethamsanqa lokuzuza uncedo lokuba akhululeke ithuba elide kuyo yonke ingxaki, akhululekele ukucokisa amaqhina olu hlobo ezimbalini zemiliso yakwa Ntu. Ngoko ke UBryant wahamba-hamba nga ngoko wayezikhethela phakathi kwe Ntlangwini yase-Natal neyase Swazini, ehlaza-hluza iingxelo zayo kanga ngoku ba akubonakali ukuba ukho omnye umbali onokuthembeka ngaphezu

kwakhe kule miliso. Kanti noko kunjalo aziswelekanga iimpazamo ezithile nakuye. Eyakhe ingxelo iya nqhinelana neka Nyovane neka Williamson ngecal a lase Koloni, ibe ihlomela neendawo ezininzi ezintsa ezivela ngecal a lase Natal nase Swazini. Ngoko ke ndiya kuyisekela phezu ko Bryant eyam ingxo-xo, ndimhlabe apho ahlabekayo.

Nje ngoko se sibonile ingotya yabo bonke aba Mbo ngo Dlamini I (uDlamini-wa-nkqangi). Inzala yakhe ifana nentlabathi yolwandle ngobuninzi. Ngenxa yobo buninzi bayo akuyiyo into elula ukuzilanda ngokugqibeleyo iinkosi zayo ; kodwa ezona zibalulekileyo zisibozo :— zezama Swazi, nezama Mpond, nezama Zizi, nezama Hlubi, nezabe Suthu (kunye na be Tswana) nezama Bele, nezama Tolo, nezegqibelo lakhe u Lusibalukhulu (1694-1712).

ULusibalukhulu uzala u Dlamini II (othelokelelwa ngu Bryant ukuba wayesidla ubom malunga neminyaka ye 1712-1730). Ngumo-ngo ke lo wemvela-phi yama Khuze. UDlamini II uzala amadoda amane :—

Dlamini II

Mdineka Buhlalubude Dlomo I Makhatha

Izibulo ngu Mdineka (uDineka ngentetho yokutshefula) athi u Nyovane ngowendlu yase Kunene, osisiseko sendlu yasema Khuzeni. Unyana womfazi wenkundla ngu Buhlalubude (1730-1748). Owesithathu ngu Dlomo I umseki wendlu yasesi Phahleni. Igqibelo

nguMakhatha owaseka indlu yeNtlangwini. UMdineka uzala uSivunga uyise kaDlomo II, ozala uNomagaga, ozala amadoda amahlanu angooNcasane, Bulingwe, Mmiso, Langeni noMazongwe :—

Mdineka
Sivunga
Dlomo II
Nomagaga

Ncasane Bulingwe Mmiso Langeni Mazongwe

UMazongwe lo nguyise-mkhulu kaNtengo ekwathiywa ngaye uJohn Tengo Jabavu, ubawo. Kuya qondakala ke ukuba lizibulo uMdineka lo liphuma kuye igama elithi Khuze. Ubukhosи bukaNomagaga budlulele kuMmiso uyise kaKhukulela ozala oonyana abahlalu, ooMadulini, Cwi, Fidi, Pata, Msikofeni (owathiywa ngemantyi uMr. Schofield). Emva koMmiso kulawule uKhukulela yena walandelwa nguMsikofeni uyise kaZulu.

Ubukhosи bukaDlamini II budlulele kunyana wakhe wesibini uBuhlalubude uyise ka-Meyiwa ozala uMdlovu (oyimbangi yokuba yonke iNtlangwini ithi Dlamini-Mdlovu ukuzicalula kumaZizi). UMdlovu lo uzala u-Mzabane uyise kaNgonyama ozala amadoda asibozo angala :— Mniki, Malindi, Dumusela, Sihalibebе, Nguza, Gobincha, Bidla, Kibengana.

Buhlalubude
Meyiwa
Mdlovu

Gobincha	Mzabane Ngonyama	Bidla
	Nguza	Makhoba
	Dulini	Ndulwana
	Ntlabathi	Mnukwa
	Mzimbili	

Kwisibozo soonyana bakaNgonyama indlalifa yobukhosи (ephuma kumfazi ozekelwe inkosi ngekhazi elibethwe ngamaphakathi enkundla, ngokwesiko lakwaNtu) nguGobincha owa siyeka eNatal walawula khona ekufeni efudukele eKokstad amanye amaKhuze ; utsho uNyovane ethelwelwe nguWilliamson. UNguza yena waphulukana nobukhosи bakhe ngokuthi agxothwe (*banished*) nguGulumente owa-faka umninawa wakhe uBidla endaweni yakhe wamnika umhlabа (“ Makoba’s Location”) obizwa ngegama lonyana wakhe uMakhoba. Le mbali ndiyifumene kuTitus Nguza (1937) endabe ndilundwendwe lwakhe aphо kwesika-Makhoba. Phofu waBuya emva kweminyaka eliqela uNguza, kodwa wayivinjwa indawo yakhe yobukhosи waphathwa ngokomntu “ omnyama,” wazala uDulini owathi yena waxhwařa ngasemlanjeni oyiMalenge kundawo ehamba uloliwe ngoku ethiywe ngegama lakhe, “ Dulini Railway Siding.” UDulini uzele uNtlabathi endambona isiqu (1923) entlanganisweni endandisumayela kuyo ulimo eNgwaqa, wandibungezelа ngobubele, phofu akawufihla umsindo wakhe wokucatshukiswa

kukufikela kwam esibondeni endaweni yokufikela kuye yena nkosi. Apha ke uphazamile uBryant ukuthi inkulu nguBidla, kodwa aka-lahlekanga xa athi nguBidla umlawuli kuba yayisisenzo sikaGulumente eso. Ngokwegazi inkosi ephambili yeNtlangwini yonke ngu-Ntlabathi, nto nje abalweli bakhe bathi ngo-kuphunguka (*decimated*) ezimfazweni basala feligcudwana, waza ke wafaka intloko yakhe enkosini enabantu abaninzi nakuseni ilunge kwindlu engaphantsi kweyakowaabo, uSidoyi wendlu kaMakhatha oligqibelo kuLusibusu-khulu kuba kakade usukhosи buma ngobuninzi fabalandeli nomhlaba.

Oonyana bakaBidla basithoba :— nguMakhoba lo sigqiba ukuthetha ngaye, ibe ngu-Mangxunyana, noNgxobongwana, noNgxavovo, noThingane, noShaka, noQika, no-Zwelinjani ongomfazi wesizwe koko engabanga nanzala, noDlungana uyise kaSihlangu no-Mafohla.

Unyana wesithathu kuDlamini II nguDlomo I intloko yendlu yasesiPhahleni, ozala uNongogo noSotshenge uyise kaMantayi ozala oonyana abathandathu :— uDweba, uNongwadla, uMphumela indla-lifa, uFuzula, uNomagwala, noDlungwana.

Unyana wesine nowokugqibela kaDlamini II nguMakhatha, intloko yeNtlangwini, athi uNyovane liqadi lendlu-nkulu enguMeyiwa womlibo kaNgonyama. Babini oonyana baka-Makhatha :— inkulu nguTiba, owathi ngo-kuswela inzala waphiwa unyana kaMabandla

umninawa wakhe onguMengwa owazala u-Gasa uyise kaNombewu ozala amadoda amathandathu angooGemase, Fodo, Nondabula, Muntsu, Mqukama noSocise. Ziya vana apha iingxelo zooNyovane noBryant noWilliamson. Ilahlekile ekaSoga kuba iya wavuba-vuba amagama oonyana bezindlu ezahlukeneyo. Se siyikhankanyile into yokuba amaJili ngaka-Gasa, “ umkhandlu omnyama wakuloTiba,” ozala uNombewu. Kula madoda mathandathu indla-lifa nguFodo ozala uNkiswana uyise kaBaka owayephethe eNtsikeni (1923) ngokuya ndandiseKokstad. Inkulu yonyana wesibini kaMakhatha, uMabandla, nguMjwebi uyise kaNongcama ozala amadoda amathathu, u-Sondamase, noBaleni noVaphi uyise kaNgqambayi. Indla-lifa nguBaleni ozala uSidoyi uyise kaPata endambonayo isiqu sakhe (1923) ndamphulaphula ethetha entlanganisweni aphi wavalelisa ngelithi, “ Utsho ke uPata kaSidoyi.” Emva kwale ndawo iingxelo ziwa ngokuwa. UBryant uthi uPata uzala uMavinkili noMaloma, esithi uNgqambayi ngumnni-nawa kaVaphi. UWilliamson endilandela yena apha uxelelwa nguSohlakala unyana kaNgqambayi ngokwakhe ukuthi uPata uzala uSethusa noMbothweni aze uVaphi azale uNgqambayi uyise kaDelumuzi noSohlakala, noTshokolo, uDelumuzi azale uMaqeleni uyise kaSitshukufa, aze uMzongwana umkhuluwa kaPata azale uKatane noMordecai. Ndiya mlahla ke apha uBryant ndibambelele kuSohlakala yena wayethetha eligqala ngemizalwana yesiqu

sakhe uyise noyise-mkhulu. Naalu uluthi lwabo :—

Makhatha	
Tiba	Mabandla
Mengcwa	Mjwebi
Gasa	Nongcama
Nombewu	Baleni
Fodo	Sidoyi
Nkiswana	Pata
Baka	Mavinkili
Tshayizandla	

Xa idityaniswa ingxelo kaBryant yeenkosi zakwaLusibalukhulu, zizonke, zintandathu. Zimi ngokwalo mthi :—

LUSIBALUKHULU

Dlamini II

Mdineka (Khuze)	Buhlalubude	Dlomo I (EsiPhahleni)	Makhatha (ENtlangwini)
Sivunga	Meyiwa	Sotshenge	Tiba Mabandla
Dlomo II	Mdlovu	Mantayi	Mengcwa Mjwebi
Nomagaga	Mzafane	Mphumela	Gasa Nongcama
Mmiso	Ngonyama	Nondafsa	Nombeu Baleni
Khukulela	Nguza	Bidla	Fodo Sidoyi
Msikofeni	Dulini	Makhoba	Mkisana Pata
Zulu	Ntla&athathi	Ndulwana	Baka Mavinkile
	Mzimbili	Mnukwa	Tshayizadla

Igama likaMzimbili ndilifumene kuSoga, elikaTshayizandla livela kuFestile.

Zonke ezi nkosi zimi kwimimandla emelene nomlambo uMzimkhulu. Zizo ezingoonozala 6eNtlangwini eseantsi eKoloni nakwaGcaleka. Inkundla zazo naazo eNew Amalfi, nase-Ngwaqa, naseNtsikeni naseMalenge ; ngecala lasezantsi amaKhuze naango eDikeni phantsi koNqweniso kaMqalo kwaNomadolo emthonjeni weTyhume ; bona ngabomnombo ka-Nomagaga kaMdineka. KwaQoboqobo (Keiskama Hoek) emthonjeni weXesi eChatha nguSitshitsi ozalwa kumnombo wamaJili kumaSingawothi kaGasa ophuma kuMakhatha eNtlangwini. Kumazantsi eTranskei andikaveleli impi elapho evakala ngaseTsomo. Incwadi kaAyliff-Whiteside *History of the Aba-Mbo*, page 91) ikhankanya amagama eenkosi ezintathu (i) uJama wakwaJaca (Σjaca) nakwa-Duba ; (ii) uSikhwenene, (iii) noMkhehle wamaDlamini-Mdlovu eGcibala ; ekusafuneka kuyiwe kuzo ngumntu ozama eli bali, afikelele naseNatal naseSwazini.

Kwesi sithuba amagama emilibo neenkosi asafezekile, elwazini esisaphelele kulo.

IZIKHEWU.

Izikhewu zokuzalisa le mbali yeNtlangwini zidandalazile, phantsi kweentloko ezininzi.

Kufuneka izibongo zeenkosi namaphakathi alo mlibo. Umzekelo obukekayo wale nto sicinga yona yincwadana kaHenry Masila Ndawo, egama lithi, *Izibongo zeenkosi zam-Hlubi namaBaca* (1928 Mariannhill Press). Umfo kaNdawo lo ngumbali ofanele ukunconywa ngemigudu yakhe emihle ayenzileyo yokulondoloza izinto ezilityelweyo nezisaya kufunwa ngamandla se bephelile abantu abazaziyo ; ukanti naye uqhube waqhuba wagagna nezikhewu zezibongo ezingasafumanekiyo zeenkosi zasentla eli xa ahlala kufuphi nazo. Ngoko ke nala mazwembe-zwembe siwalingileyo apha se iyimiji, yokuncama kunganca-meki, kuba enyanisweni kufuneka izibongo zeenkosi zonke zaseNtlangwini, kulandele e-zamaphakathi azo adumileyo ngeziganeko ezifanelwe kukukhunjulwa emabalini. Asikazifumanzi.

Amagama Ezithili.

Amagama ezithili ezimi abantu baseNtlangwini sisiqendu seli bali ebe ndicinga ukuba sinokuzanywa ; kodwa kubonakele ukuba ma sincanywe, ngokuba sinyanzelela ekuhambeni okusanzi nokungaphaya kwamandla ombali lo. Imizekelo emibini nemithathu yile :—

Kuloliwe ophuma eMaritzburg esiya Kokstad kukho isikhululo esigama lithi "Dulini Siding" kanye kumhlabo weNtlangwini. UDulini, nje ngoko sise sixoxile ngaye yeyona nkosi iphambili yegazi eNtlangwini. Iya ncomeka into eyenziwe ngu-Gulumente ukumnika imbeko yokuba esi si-khululo sithiywe ngaye.

Enye indawo ekhumbuza iNtlangwini yethi "Makoba's Location" emantla kweKokstad naMadadiyela (Matatiele), nakuba namhla nje kuhle iliswa lokuba iNtlangwini igxothwe apha ngamagunya kaGulumente ngenxa yama-fama amhlophe abanga ukuba lilizwe labe-Lungu godwa elo. Lusizi olu.

Kufuphi neQonce kwisiqingatha saseKeiskama Hoek (Qoboqobo) kukho intlambo ebizwa ngokuba kukwaZanyokhwe emi ama-Jili angooSomtunzi nombali lo. Le ndawana ithiywe ngeMpondo elavela kuFaku eLusiki-siki, elaye liyinchihi yokwenza imixhaka ngamabamba eendlovu elalicelwe kowalo yinkosi uNgqika, laza lafya inzala yamaMpondo angooHani asekhoyo nanamhla eDikeni kwa-Gqumahase nakwaNtselamanzi.

Amagama eendawo ezimiwe yiNtlangwini asaya kufumaneka eSwazini kwiimfundı zalo mlibo ezinomfo kaNkosi. Ngecal a leNatal aya kufunyanwa kwiziphaluka zomzantsi welo zwe ukuthabathela eXobo (Ixopo) kuse e-Bulwer, Polela, Richmond, Umzinto, Lady-smith kungene emlanjeni uMzimkhulu, kuwe-

lele eKoloni eMadonela, eThembeni nase-Harding kuye eLourdes, Riverside, Malenge, Ntsikeni, Matatiele naseNew Amalfi. Kwa-Ngqika iNtlangwini ikholisa kwizithili ezinqonge uQoboqobo eMthwaku kwinto zoo-Mpaku, Nopeleza, Kunjuzwa, Festile Gwija, Siqoko, Luthuli, Socise, Nyovane, Kuze, kuhle ngecal a leCumakala kooMazinyo, Ske-njana, kuze eTabula kooNgaki noSomtunzi, kunyukele kunkosi Sitshitshi eChatha, kuhlele eTyhume emaKhuzeni kaMqalo, nase-Bofolo kooMbatsha, naseNxukhwesem emanxoweni aamaJaBavu. ETranskei esezantsi naantso eMount Frere kooNovukela noo-Tswane naseMount Ayliff, kuze emThatha kooSilinga kuye eTsumo koomaQutsa, Gcibala, Xolobe, Mfula, Mbulu, Nqolosa koo-Sikhwenene noMkhehle naseWillowvale, nase-Mgomazi ngaseNqamakwe njalo-njalo.

Iziduko endizifumeneyo eNtlangwini naazo kuphepha 29 kwa lapha.

Ndiphelelwe apha, kodwa ndicinga ukuba kunokwenzeka kuthi kanti zikho nezinye phaya eSwazini, mhlawumbi nanganeno, apho iNtlangwini yahlala ihleli ngemo yesizinzo, ingeyiyo eyenkithakalo. Ndovuya ndizithu-nyelwe ukuze zifakelwe apha mini yaphindwa ukuficilelw le ncwadi.

Ezi ziduko zeNtlangwini zimbalwa ngenani (23) kodwa oko kufanele ukuba njalo kuba sisizwe esincinci xa umntu esithelekisa nezinye ezimelene naso.

ISIHLOMELO A.

Aabantu sehlabathi lilorike 2,339,900,000 ; eAfrika 198,000,000 ; eNorth America 216,300,000 ; eSouth America 111,400,000 ; eAsia 1,272,000,000 ; eOceania 396,000,000 ; eRussia U.S.S.R. (Soviet) 193,000,000.

Ngokweelwimi zikaNtu eSouth Africa, abathetha isiXhosa 2,355,000 (kubo elona qela likhulu 400,000 ngamaMpondo) ; isiSuthu 2,209,000 (Northern Sotho 721,000 ; Southern Sotho 860,000 ; Western Sotho 578,000 ; Venda 132,000 ; Shangaan 355,000 ; Transvaal Ndebele 90,000 ; abanye 700,000), sebonke 7,806,000 phofu ngayo yonke iminyaka la manani aya esongezeleleka. Ngonyaka 1941 naphambilana amanani ayemi ngolu hlobo : 368,572 Pondoland, 333,858 East Griqualand, 310,132 Tembuland, 269,261 Transkei Proper, 1,281,823 sebonke, ziбе iinkomo zafo 1,484,024, oko kukuthi zimalunga nenkomono enye kumntu ngamnye.

Ngokwezithili amanani ngala : abantu 43,216 Libode (61,964, iinkomo) ; abantu 52,940 Ngqeleni (80,747 iinkomo) ; 27,392 Port St. Johns (33,629) ; 65,124 Bizana (87,904, 48,746 Flagstaff (58,566) ; 78,867 Lusikisiki (121,459) ; 52,287 Tabankulu (58,696) ; 47,085 Qumbu (56,129) ; 44,218 Tsolo (59,242) ; 54,293 Mt. Frere (66,225) ; 29,251 Mt. Ayliff (29,526) ; 57,548 Umzimkulu

(39,386) ; 58,989 Matatiele (45,883) ; 42,474 Mt. Fletcher (45,597) ; 54,533 Umtata (73,820 80,693 Engcobo (94,077) ; 60,991 St. Marks and Cofimvaba (49,745) ; 22,488 Xalanga (20,696) ; 38,609 Elliotdale (52,547) ; 52,818 Mqanduli (67,987) ; 28,762 Butterworth (24,226) ; 37,581 Tsomo (33,406) ; 45,245 Nqamakhwe (39,416) ; 40,376 Idutywa (41,560 54,519 Kentani (61,464) ; 62,778 Willowvale (80,121).

AbaseCiskei abantu kunzima ukuwafumana amanani aabo ngokwezithili. Izambuku endinikwe zona eziqisini 1941 zezi :—

360,105 Emaphandleni (*rural areas*).

528,636 Ezidolphini (*urban areas*).

888,741 bebonke (IKoloni iyonke 2,170,564 ;) okanye 179,813 Griqualand West and British Bechuanaland (oko kukuthi kooma Kimberley kuse eMafikeng).

AbakwaQoboqobo 16,830 ; abaseXesi 25,697 ; iDike 14,000 ; iQonce 100,000 ngokwezixwemba zamanani.

ISIHLOMELO B.

Inkazo yamazwi angaqhelekanga (Glossary)

uwangala—into ebanzi

ma bakuthi—ma babokuthi

ukwazisa—ukuprofeta

ukwaziselela—ukuprofeta

izawukawu—iziganeko

zinga—zingathi zii, zifana ne

ulwawu—iswangusa

ubulunga—umsila wenkomo wenziwe intambo yomqala

ukuleleza—ukuqinisa

ukububula—ukucula

isinxosa-nxosa—isinqini-nqini

umphithi—umxube

ahageleyo—alupheleyo

umntu “ omnyama ”—umntu ongeyonkosi

ukuxhwara—ukuhlala

amazwembezembe—amalinga

umji—umgudu

ukuphaca—ukubaca, ukumfenguza

ukuphisela—ukumilisela

UKUCHITHAKALA KWAMAMFENGU E-MBO.

Ixhalanga yintaka ezalela phezu kweenkele-nkele zamawa, ethi xa ifuna amathole ayo afunde ukuphapha emoyeni ichitha-chithe indlu le yawo, iwayeke aphyayuzele ngaloo maphiko asebuthathaka, kanti iza kubuye iye kuwanga ngaloo maphiko ayo made engekayi kuwa phantsi abetheke. Ithi ke inyukele phezulu emoyeni nawo, ize " phelekethu " iwaphphephe inge ayinanto nawo, isenzela ukuba ade aqine amaphiko, akwazi nawo ukuphapha imigama emide. (Deutoronomy : xxxii : ii). Beenjiwa njalo oobawo ukuchitha-chithwa kwaabo eMbo bechithwa ngumDali weentlanga nezizwe ngeenjongo zobulumko baKhe. Ekuphaceni kwaabo beza kugangwa nguHintsa kwaGcaleka, baqala ngoko ukubeka iphika nokuzuza ukuphumla, bakuba bekhongozelwe ngobusele banikwa iindawo zokuhlala. U-Hintsa (A ! Zanzolo !) waba yingalo kaYehova awayilungiselela ukugcinwa nokulondolozwa kwezi mpalala zenkcithakalo, kuba esaza kubuye Azichola-chole, Azihlanganise, Azibuthe ngamaphiko aKhe.

Uhlanga olutsha.

YayingamaHlubi nezindlu zawo, amaZizi nezindlu zawo, amabele nezindlu zawo, amakuze nezindlu zawo, amNgwane nezindlu

zawo, amawuse nezindlu zawo, amazotsho nezindlu zawo, amadebele nezindlu zawo, njalo njalo—izizwe ezazihleli ngokwahlukeneyo nangobutshaba eMbo, ukunyusa imilambo uThukela noMzinyathi ; kodwa inkcithakalo eyazifikelayo ngebaqo yazenza zathi saa ; laphela kwathi tu ikrafci lobuni bazo ; zagoba phantsi kwemeko yokuthobeka kwazo ; zalutya kunye nangokufanayo udaka ezahamba zilubaqa endleleni ; zayambatha ngokufanayo incha ukufihla imizimba ; zaqala ukuvana ngegama elinye lobuzwe, ezazibiza ngalo zada zaya kungena kwaGcaleka—igama lobuMfengu. UHintsa wawamkela amamfengu, aka-zange wamkela maZizi namani. E-Mbo yayi ngoonyana abaninzi abahlukeneyo, behleli ngokujongana ngezikhondo zamehlo ; kwa-Gcaleka bafika bahlala bengoonyana abaninzi, kodwa abamanyenyo, bengumntu omnye—iMfengu. Singathi yeenziwa yinto ni na, okanye ngubani na, le nguqulo ? " Asingoka Yehova sini na umhlaba nenzaliseko yawo, elimiweyo nabahleli kulo ? " (Indumiso xxiv : 1). AsingoYehova na Othe imbiza abeyibusabile ngodongwe Uya yihekeza Abumbe enye into ngalo ? Akenzanga loo nto na ngo-hlanga IwamaMfengu ? Ukuba nguYehova Okwenzileyo oko singatsho na ukuba Woona ukudala olu hlanga lutsha IwamaMfengu, okanye sibe siya lungisa na ukumbeka ityala.

Ubuxoki ngamaMfengu.

USathana owalukuhla oomakhulu emyezweni, uAdam noEfa, waza wabahlisela ukufa kunye nenzala yabo esiyiyo nathi, akazange afe yena, engekafi nanamhl' oku, koko esasebenza loo nto yokugqwetha inyaniso ayenze ubuxoki, nobuxoki abuciciyele ngobuciko bafane nenyano, ngenjongo yokubulala abantu nezizwe ngokuchitha uxolo nobunye kuzo. Owona msebenzi wakhe awunyamekele kakhulu ngaphezu kweminye uSathana kukuchitha icebo likaThixo emhlabeni. Weenje njalo ukuyihlwayela imbewu yakhe yokuzama ukuchitha uxolo, nothando, nokuvana phakathi kweMfengu nomXhosa ngokuthi amaMfengu ayephethwe kakubi nguHintsa enziwe amakhoboka ngamaXhosa kwaGcaleka. Kobo bukhoboka kuthiwa akhululwa nguAyliff no Sir Benjamin D'Urban. Umntu osakholelwwe kubuxoki obunjalo ndingathi unggumcedisi wotshaba oluchitha uxolo nokuvana kwezizwe. Sifanele ukuba sibe ngamagosa okudala nokuphembelela uxolo phakathi kwezizwe, khon' ukuze lisifanele ilizwi elathethwa liTshawe loXolo elithi : " Banoyolo abangabaxolisi, ngokuba baya kubizwa ngokuthi bangoonyana bakaThixo bona " (Mateyu v : 9).

UNtsikana umPolofiti.

Engekafiki amaMfengu kwaGcaleka uYehova Wayesel' ekhokele Wangaphambili ngoMoya waKhe Owangena kuNtsikana owa-thetha ngezinto ezaziza kuhla kumhlabfa wa-

kwaXhosa uphela. Wawaxela la maMfengu ukuba ayeza evela eMpumalanga ; wabaxela abeLungu bevela eNtsonalanga bephethe uMqulu ; wayixela into yokuhlangana kwaabsa bahambi ngalo Mqulu ; wazalatha izinto-into eluhlangeni emaze ziqwelaselwe, zenziwe, zilunyukelwe. Le miyalelo wathi uyamkele kuNaphakade uNyana kaSifuba-sibanzi, athe ukumbonga kwakhe : " Ngulo Thixo Omkhulu Osenyangweni," nje ngoko ingoma yakhe isitsho ; kukho kuyo umgca othetha ngeyona nto silindelwe nguThixo ukuba siyizame siyifezekise—ukuba banye.

Ukuba siya mamkela uNtsikana nje ngo-mPolofiti kaYehova ma siyamkele inyaniso yokuba wathunyelelwa ukusikelelwa kwama-Mfengu kwa nje ngamaXhosa ; ngayimbi intetho, wathunyelelwa ukusikelelwa komhlabfa omiwe ngamaXhosa sel' endawonye nama-Mfengu. UThixo kaNtsikana, uSifuba-sibanzi, mnye kuuphela, enguyise wamaXhosa namaMfengu nazo zonke iintlanga nezizwe. Ukuba amaMfengu aya zikhetha kuNtsikana anokuba azahlula kuThixo owamenza umPolofiti, okanye aya yiphikisa intetho kaYesu, athi uNtsikana nguNaphakade, ethi : " Ndicelela ukuze bonke bafe banye ; nje ngokuba Wena Bawo, UkuM, Mna ndikuWe, ukuze nafo bafe banye kuThi ; ukuze ihlabathi likholwe ukuba Wena wandithuma " (Yohane xvii : 21). UThixo ubuye Wathi ngomlomo womPostile uYohane : " Ma sithandane ; ngo-kuba uthando lwaphuma kuThixo ; bonke

abanothando fazelwe nguThixo, baya maz uThixo "(1 Yohane iv : 7).

Esama-Mfengu nesika-Ntsikana.

Ekuzalisekeni kwelika Thixo ixesa kweenze-ka oko kwakuxelwe nguNtsikana ngaphambili, ukwamkelwa koMqulu ngamaMfengu kuyo le ndawo sikuyo. Kwaba kumhla uSifuba-sibanzi waamkela waqinisela (*ratify*) isenzo sikaHintsa sokuwanikela iindawo zokuhlala amaMfengu. Wawaphisela nje ngesizwe esitsha phakathi kwezizwe zamaXhosa ngezizathu nangeenjongo zaKhe zobulumko nothando kusapho lwaKhe lumphela, ukuze lube "yimbumba yamanyama kuYe."

Namhla sihlangene ngesikhumbuzo saloo mhla wokuzalwa, wokucholwa, wokuvuthulu-lwa enkunkumeni, wokuphakanyiswa kwesi-zwe esitsha samaMfengu. Siya lungisa ukusikhumbula eso senzo sothando lukaThixo kuthi. Kwefileyo inyanga amaXhosa ebe nesikaNtsikana isikhumbuzo. Aya lungisa ukusiphaka-misela phezulu eso sikhumbuzo, ngakumbi xa eya kuphakamisa iinjongo zikaNaphakade u-Nyana kaSifuba-sibanzi zoxolo nothando nobunye bezizwe. Zozibini ezi zikhumbuzo zifanelwe kukuxhaswa, zixatyiswe ngokufanayo ngamaMfengu namaXhosa, ngenxa yokuba mnye umthombo onguThixo wafo bonke eziphuma kuYe. Izizathu ekukhunjulwa zona okanye ekufanele ukuba kukhunjulwe zona zezokuzithoba, zezokucela iintsikelelo phezu kwelizwe lethu naphezu kwezizukulwana

zezwe lethu Ukusolana, ukuqanelana, uku-nyhilana, ukugculelana akuphumi kokulungi-leyo ; kuphuma kokungendawo, (Hoseya iv : 15). Okukhuthazayo oko akasebenzeli luxolo lukaThixo.

AmaZiko amathathu esiKhumbuzo esikhulu.

NgeNkulungwane (1935) kwagqitywa nge-mvumelwano sisizwe sonke samaMfengu ukuba ngaloo nyaka kuqalile ukuba amaMfengu enze eyawo indima, kuba eli ikhulu lemi-nyaka liphela ngo 1935 lelokuthantaswa kwawo nguThixo ngofefe lwaKhe. Ukuphumelelisa eso sigqibo kwavunyelwana ngamoya mnye—

(1) ngamaziko amathathu esifanele ukuba siqhutywe kuwo esikhulu isikhumbuzo (*National Celebration*)—eGcuwa, eNqhuSw, naseNxukhwebe—ngenxa yeziganeko eziba-lulekileyo phakathi kwamaMfengu noThixo kwezo ndawo zontathu.

Ngaphambili, nganye indawo yayizenzela ngendlela yayo ukuwukhumbuza lo mhla we 14th May, kungekho mmiselo wasikhokelo senkqubo yaloo mini. Kungoko abanye ba-khulisa imidlalo yeentlobo zonke, nje ngeyoleqo lwamahase, abanye ibe zizipheko zokutya okuninzi neendywala, ingabikho, okanye nokuba iba kho, ibe ncinane ezingqondweni eyona ntsingiselo yento esimele yona isikhumbuzo samaMfengu kubo. Uwafumene apho ke uSathana amandla okonakalisa ngokuqhu-tywa kvesikhumbuzo ngabantu abangenasi-khokelo sokuzukiswa kweenjongo zaso, saza

ke, kubabukeli, saba yinto edelekileyo nenge-nasidima. Ngenxa yoko ezinye iindawo zapheelwa ngumoya zayeka ukusiqhuba. Li-Nqhuswa elasoloko lingaphosisi ukuya e-Mqwaswini yonke iminyaka ukuya kuhlaziya izifungo zamandulo. Iya ncomeka loo nto ngeNqhuswa, naxa kusithiya akusenje ngangaphambili ukukhuthala.

Nje ngoko kwagqitywa ngo 1935 ukuba zonke iindawo zamaMfengu ziwukhumbuze lo mhla kwezo ndawo zazo, ukuze uhlale uhleli ezingqondweni, ngakumbi zolutsha, yonke iminyaka ; kodwa ngowesihlanu unyaka (obuye waguqulwa ngo 1940 kwemiswa owe sithathu) zonke iindawo zivale emakhaya, zingaqhubi nto, koko sonke isizwe sibuthelane kwelinye lala maziko mathathu axeliwego, apha siya kuma nje ngomntu omnye phambi koThixo. (Kuya danisa noko ukuphawula ukungalulanyelwa kwesi sigqibo zezinye iindawo !)

(2) Kwa khona kwavunyelwana ukuba indlela esingawubonakalisa ngayo umbulelo wethu kuThixo ngeli lethu ikhulu leminyaka kukudala inxhowa (amatye esivivane ayimali) eenjongo zikukuzama ukuphumeleisa esinye kwezi zifungo zithathu—eso semfundo esin gekabi phi isizwe, kanti imfezeko yokuseenza kwezinye ezi zibini (ukululamelia umbuso nokuthobela uThixo neliZwi laKhe) ixhome keke emfundweni. Kukula maziko ke apha kwenziwa khona imimiselo ngale nxhowa ye-Nkulungwane (*Centenary Fund*).

IGcuwa liZiko lokuQala.

KumaSirayeli awaya kungena eKanana mabinu kuuphela amadoda awayesele, kwawemka ejiputa enalo uphawu lobuSirayeli lokwala—inguYosuwa noKaleb. Onke amanye azalelwaa eluhambeni lweminyaka ema 40 entlango. Akusonakalanga kuYehova ukuba kuya kufalungela ukul'ima elo zwe leKanana bengenalo uphawu IwaKhe. Kungoko uYehova Wamyaleloyo uYosuwa, yaku fa iweliwe iYordane, ukuba alunyusele eGilgal lonke usapho lukaSirayeli. Apho ke uYosuwa walola iiintsegece zamatye, wawalusa onke amadoda, ngokwenje njalo esithi uYehova Uyiqengqelete kude kufo ingcikivo yabo apha eGilgal, kwaza kwemiswa apha intente yesikhumbuzo seso senzo saloo mini, (Yosuwa v : 9).

Asingetsho na ukuba loo nto yeenzekayo eGilgal iya fana nale yenzekayo kumaMfengu apha eGcuwa ? Kwaba sekuvamkeleni kwa maMfengu uMqulu kuyo le ndawo okwatsala ububele boThixo woothixo ukuze Awukhumbule. Asiyo loo ntente yesikhumbuzo yase Gilgal na le sikuyo ngoku apha eGcuwa ?

INqhuswa liZiko lesiEini.

Akukho nto inamandla ekutsalen i thimbe ingqondo yomntu imke nayo ngaphezu kwento ebonwa ngeliso, iphathe ngesandla, iviwe ngomlomo (eviwa ngendlebe), ingena ngale, iphume ngaley, ukuba ayinqakulwanga ya-

gcinwa yintliziyo). Loo nto iyithimba ingqondo nga ngokude umntu awulibale nomphefumlo wakhe ngokusungisele kumDali wakhe. Kwaba njalo kumaSirayeli ngezi mini zika-Yosuwa. Ukonwaba nokuhlutha kwabenza bamlibala uYehova uThixo wafo, ukuze u-Yosuwa abahlanganisele eSekem umhlaba o-wawuse "unenqina lenkuku" ngeziganeko zangaphambili zemihla yooAbraham. Kwa-kukho umthi apho' omkhulu womkhoba (umoki). Kweenziwa apho phantsi kwaloo mthi izifungo zokuMkhonza uYehova ngayo yonke ingqiniseko yentliziyo, nokuvuma ukuzilahla zonke izinto ababeziwole ezintlangeni zabahedeni, badyobeka, boona kuYehova u-Thixo wafo ngazo. Wazibala ezo zifungo encwadini uYosuwa, waza wagxumeka ilitye elikhulu phantsi kwaloo mthi, esithi eli litye liya kuba linqhina, kuba liwavile amazwi abawathethileyo. . . . hleze babuye fakhanye. (Yosuwa xxiv : 26).

Kuyinto emangalisyao ukufana kwezinto zingazalani. Eli bali liyelele kanye kwinto eyeenzeka kumaMfengu eMqwaswini, eNqhuswa, umhlaba ophakathi, uyinxalenye yelizwe elalise lanikezelwa kumaNgesi nguNkosi u-Ngqika ngowe1819. Apho phantsi kwaloo mthi womqwasu yayiyindimbane yesizwe sonke samaMfengu—iiNkosi, amadoda, abafazi, nabantwana abany'ayo. Bonke baziphakamisa izandla zokunene befunga phambi ko-Thixo nomkhosi waKhe wasezulwini :

(1) UkuMthobelwa uThixo neliZwi laKhe ;

- (2) Ukuwululamela umbuso ;
- (3) Ukufundisa abantwana.

Andizi kuthetha nto ngezifungo ezikwa zithathu ezeenziwa nguSir Benjamin D'Urban nabamHlophe ababenaye, egameni likaFitoliya, ukumkanikazi waseNgilane, kuba zabuya zaaphulwa, zaahlwa, zalityalwa lelabo icala kwakuhamba iminyaka. Loo mqwasu kwa-kufungwa phantsi usckho nanamhla, ulinqhina elisemi nangoku lezo zifungo nezo zinikelo zazisenziwa phantsi kwavo. Kodwa umqwasu ngumthi, into eyaluphalayo, idliwe yimpalo nempehla, nje ngawo lo. Nalitye likhoyo ligxunekwe kutsha nje emva kweNkulungwane.

INxukhwebe liZiko lesiThatthu.

Lathi lakuzola ilizwe, zakuphela iimfazwe namaKanana, saa seso isizwe safuna ukuzikhetela amanxiwa okuma, kwada kwabonakala kuYosuwa ukuba ma kazihlanganisele eSilo zonke izizwe zoSirayeli. Apha kulapho kwa-khiwa khona uMnquba weNtlangano, aphoyayigciniwe khona ityeya yocebano, kubे ke kwakulapho uThixo wamisela ukuhlangana nabo khona, (Yosuwa xviii : 1). uYosuwa wakhupha amadoda angamathathu esizweni ngasinye (*Commission*) okulihlolila ilizwe enze imida, ukuze lilingane ukwabelwa izizwe ezi 7, kuba ezi 5 zase zabelwe kwangaphambili. Ekubuyeni kwala madoda kweenziwa amaqa si-so phambi koYehova ngeendawo zokuma.

eSilo saba sisikolo awafunda kuso uSamyali phantsi koHeli ; ise kwa yileya athetha ngayo

umPolofiti uIsaya esithi yiΣilowa, noYohane ix : 7, esithi yiΣilowa. Kwavela apho umthombo, okanye ichisi lamanzi empiliso (nje ngaseMvuzi), awayalela owazalwa eyimfama uYesu, akuba ebuce udaka ngamathe aKhe, Waqaba amehlo ayo ngalo, wathi ma iye kuhlamba kumanzi elo chisi, ukuze ise yabona. Kananjalo iΣilo le kulapho iintombi zakwa-Sirayeli zazihlangana khona yonke iminyaka ngesikhumbuzo sazo somhla kaMiriam phezu koLwandle oluBomvu. Zazisiqhuba eso sikhumbuzo ngokungqungqa nokus'ina zivuma ingoma kaMiriam (Eksodus xv : 21) phambi koYehova eMnqubeni weNtlangano.

Lo mzana ngezo mini wawungemkhulu noko izinto zavo zazininzi zibaluleke kangaka nje. Wawumi phezu kwenduli ebuye nayo yajawulwa, yajikelezwa macala onke zezinye iindulana, kuvuleke kuuphela kwicala elijonge ngaseZantsi (South) ngengxingwa enamahlati, ehamba khona indlela yokuza kuwo lomzi (Dr. H. Bonar : *Treasures of the Bible* : Volume III).

Kanye nje ngoko unjalo umhlabá omi lo mzi waseΣilo unjalo umhlabá ekumi iNxukhwebe. Yonke enye into enje ngoko ichazwe ngeΣilo kaHeli noSamyali, neΣilowa kaIsaya, neΣilowa kaYohane imele, ithetha into emelwe yiNxukhwebe, engumzi owakhelwa ukuphumelelisa izifungo, ngakumbi eso sokufundiswa kwabantwana bamaMfengu ngoThixo. Kwanaleya ndawo yeKomison yemihlabá yeenzeka se kulapha eNxukhwebe. YiKomison eyafa

madoda mathathu eyenza ukuba iindawo ezinje ngooMathole, Hewu, Qoboqobo, Qhuggwala, Mdingi nezinye, zibe zemiwa ngamaMfengu nje. Kanti la amaMfengu asala eNxukhwebe naseDikeni kwagqitywa nokuba acandelwe owawo umhlabá ube neziqiniseloe ezingunaphakade. Ngoko eli ziko lesikhumbuzo liy-Nxukhwebe liyimele ngazo zonke iindlela into eyayimelwe ngumzi waseΣilo yakudala. Into eyoyikekayo ke kodwa lilijswa lokuthinjwa kwe tyeya yocebano ngamaFilistiya, ngenxa yesoono soonyana bakaHeli abangaqeveswanga nguyise, okanye abangamphulaphulanga, ukuze nje kuzalwe ngumolokazana kaHeli umntwana oyinkwenkwe, abizwe ngegama elinguIkabodi, elithetha ukuthi : "Uzuko lumkile kwaSirayeli (1 Samyali : iv : 21) kwanga akungebi njalo !

Into obuMele yona ubuMfengu.

Kungayinto elusizi ukungayiqondi kwamaMfengu injongo kaThixo ngawo. Kwakholeka kuThixo ukuwathoba ehlele kowona mgangatho usezantsi ebuntwini, ada ngokwawo azifanisa nezinja, sel' enqwenela ukucholwa na ngubani na ongaba nosizi ngawo, khon' ukuze uHintsa, ekhokelwe bhubantu bendalo nayintliziyo yemvelwano ngabantu bakowafo (awatshoyo ukuthetha ngabo), atsalele uhlanga lwamaXhosa iinceba zikaThixo ngokukhongozela ezi mbacu zeentsizana zamaMfengu, azenzele inceba ngokuzinikela imbeko ezweni lakhe. Wazamkela ngobubele ezo Nkosi zaxe-

lwayo kuye, wazinikela imbeko yazo, wada uNkosi Njokweni wendiselwa intombi kaBuju, inkosana engumninawa kaHintsa, neyayiyiNjengele yemikhosi yamaGcaleka. Ngaphezu koko anqonywa iinkomo agciniswa amathaanga ngamaphakathi nezityebi zakwaGcaleka phantsi komyalelo waKomkhulu wokuze aaba bantu baphathwe kakuhle. (Abaphuli bomthetho basazalwa nanamhl' oku, ekuya kude kuphele eli phakade kunye nenkosi yalo uSathana, usaphulwa njalo umthetho waKomkhulu). Kuyo yonke loo nto inyaniso kukuba uHintsa wawaphatha ngenceba amaMfengu, nga ngokuba liwafanele amaXhosa ilizwi elathethwa nguYesu Esithi : " Banoyolo abanenceba ; ngokuba saya kwenzelwainceba bona " (Mateyu v : 7).

AmaMfengu la sisizwe esithunyiweyo ukuba kwalathwe kuso umzekelo othethwa lilizwi elithi : " Ozithobileyo uya kuphakanyiswa ; oziphakamisayo uya kuthotywa." Ngoko amaMfengu, ndithi mna, isabelo sawo kuThixo, mhla zonke izizwe zabizelwa phambi kwesihlalo senKosi yamaZulu, aya kusamkela ngokuba akuvuma, akululamela ukuthotyelwa kwawo ezantsi, ekube lapho adibana khona nobubele bukaThixo. Ngathi kum ingaba yingozi enkulu kwisizwe siphela samaMfengu ukuba singasukela ukwambatha, sinqwenele ukuhomba ngengubo esasinganikwanga yona mhla sangeniswa nguThixo kwizizwe zamaXhosa. Akungesilungeli ukukuphangana noku-kukhusela ngamandla enyama ukuphakama

esizibone sikuko. Indawo esifaneleyo neyona sinomvuzo ngayo esi sizwe kukuthobeka, (Mateyu xi : 29).

Okwesibini amaMfengu athunywe ukuba " lukhanyiselo " ngeliZwi loMqulu awawamkelayo eGcuwa, afungela ukuwuthobela e-Nqhuwa, aza awakhela umnquba wentlangano wokuba afundiswe ngawo, wona nabantwana bawo, eNxukhwebe Ukusuka apho alihamba lonke elimiweyo ngokuhambisa intsumayelo yaloo Mqulu.

Okwesithathu amaMfengu athunywe ukuba ngumzekelo wokukhonza, wenkuthalo ekulimeni, wokulondoloza ingeniso. Ngawangaphambilila maMfengu ndithi ayengulo mzekelo, kuba la esi sizukulwana sikhoyo aya khawuleza ukuzeyelisela kwizimo ezichasene nezooyise, kanga ngokuba eyona nto abonakala efuna ukuzibalula ngayo kwiindawo ngeendawo ngemini yesikhumbuzo sawo kukuxabisimihlali (noRetsin nonyana kaRemaliya) engenaluzuko lukaThixo, kunokuthozamela ukuzukisa inkonzo yesikhumbuzo nje ngoko kufanele ukuba njalo, (Isaya viii : 6). Eso simo sifanele ukuMphazamisa uThixo we Sikhumbuzo.

IiNkonzo zesiKhumbuzo.

Akukho nto ithethwa nasesiphi na isikhumbuzo ukuba asichukumisi ezona ndawo zinzulu engqondweni nasemphefumlweni wallowo usenzayo. Zozibini ezi zikhumbuzo—esikaNtsikana nesamaMfengu—zimele inko-

nzo enzulu yokuzithoBa yombulelo, nombongo
kuThixo uSomandla.

Phakathi kweenjongo zesiKhumbuzo sama-
Mfengu :

(a) Kukumiswa kwebotwe lendlu emQwa-
swini ;

(b) Kukuhlaziya izifungo zokuthobela u-
mbuso, nokuxhasa iliZwi, nokusebenza i-
mfundo yabantwana ;

(c) Kukulungisa ibali lamaMfengu ezi-
ncwadini ;

(d) Kukuqokelela imali yokufundisa aba-
ntwana abakhethiweyo.

(e) Yindibano yesikhumbuzo esikhulu ka-
nye ngeminyaka emithathu kumaziko ase-
Gcuwa, naseMQwaswini naseNxukhweSe.

Le ilapha yinxalenye yentetho eyenziwe
nguC. A. W. Sigila eGcuwa kwisiKhumbuzo
sonyaka we1949.



Price 3s.

By Post 3s. 2d.

Obtainable from

THE LOVEDALE PRESS,
P.O. LOVEDALE, C.P.

Also, by the same Auther,

E-INDIYA NASE EAST AFRICA

Price 3/-

By Post 3/2